# *Inkolo IJezebhele*

Masime umzuzu nje, ngeli thuba sinikela umbulelo kuThixo ngale nto. Masithobe iintloko zethu.

Bawo Thixo Onobabalo noNgcwele, sivuya kakhulu kuba unguYe u—uThixo, noluncedo kakhulu ngexesha lembandezelo. SiyaKubulela ngento Osenzele yona. Asikwazi nje ukuvakalisa, ngokusuka ezintliziyweni zethu, indlela esikuxabisa ngayo oku, kunye nendlela Wena othe weza kusihlangula xa sisengxakini. Sifundile, kuyo yonke le minyaka, ukuKuthemba nokukholelwa kuWe.

Kwaye ndiyathandaza, ngale njikalanga, Nkosi, ukuba Uyakugalela iintsikelelo Zakho phezu kwaba bantu. Kwanga kungangabikho mntu ubuthathaka phakathi kwethu xa le nkonzo iphela. Ukuba kuyakubakho apha ongalunganga kuThixo, anga aMandla awamvusayo uYesu engcwabeni, angadlisa ubomi imizimba yabo enokufa, Nkosi, nomphefumlo wabo, kwaye abaguqulele kuWe. Siphe oko, Nkosi. Abo bangenaye uMoya oyiNgcwele, yanga olu ingaba lusuku olunye olukhulu abangasokuze balulibale, kuba kwanga kungaba yimini uThixo aya kuwuthulula ngayo uMoya Wakhe phezu kwabo. Siphe oko, Nkosi. Xolela izono zethu.

Siyakuthandaza ukuba Uyakumsikelela uMzalwana uSullivan, umhlobo wethu onobubele noxabisekileyo, kunye neengcinga zakhe ebantwini, nokuzama ukubazisela konke okunokwenzeka anako, ukubanceda. Ndiyathandaza ukuba Uyakumsikelela uMzalwana uSullivan.

Sikelela abalungiseleli kulo lonke ilizwe, kuyo yonke indawo. Banike intabalala egqithiseleyo, Nkosi. Banga bangama ngobukroti epulpitini bavakalise iLizwi likaThixo, kuba siphila kwiiyure zokuvalwa kwembali yeli hlabathi. Ukulunga kwakho makusibekekele ngala maxesha. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala.

Ndinombulelo kakhulu kuni bantu njengokuba, kuThixo, ngako oku. UMzalwana uSullivan wathabathela kuye. Uyabona, bekungayi kulunga ukuba uMzalwana uSullivan enze loo nto, ngoko ke sasilungele ukuyilungiselela. Siyanibulela ngobubele benu.

2 Kwaye, ngoku, oko—okomnikelo wothando, wona . . . bekungafuneki ukuba nenze oko. Hayi, oko kwakungeyomfuneko. Yabona, nje . . . bahlawula iindleko, ihotele kunye nokutya, oko esasinako, kwaye kuko konke okwakuyimfuneko. Kodwa enkosi, ngobubele obukhulu, kwaye

iyakuya kunceda iimishinari kwaye izise abantu kuThixo. Akusayi kubakho midiza yakutshaya eyakuthengwa ngayo, nayiphi na iwiski, akukho nto iphosakeleyo, uyakuya kwinto elungileyo. Kwaye ndiyathandaza ukuba uThixo akubeke kwi akhawunti yenu phaya phezulu, awandise ngeshumi lamawaka, idola nganye, okanye—okanye ipeni, okanye iisenti ezintlanu othe wanikela ngayo kule nkonzo.

3 Kwaye, ngoku, ndifuna ukubulela uMkhosi wase-United States ngokusinika esi sakhiwo ukuba sihlale kuso, ukuba sibe nezi nkonzo. Ngokuqinisekileyo ndibabulela ngentliziyo yam yonke.

4 Kwaye njengokuba ndiqonda, uMzalwana uSullivan uthe yonke into iyakuhlawulwa ngokufanelekileyo. Asizange sishiye isixeko okwangoku, sinetyala lesenti enye, kodwa yonke into yahoywa; asikholelwa nje nakuyo nayiphi na enye into. Akufunekanga ube natyala nakubani na, kufuneka ungabi natyala kwaye uthi tye. Kwaye ukuba unetyala kumntu othile, hamba uye kujongana naye kwaye umxelele ukuba unetyala kuye, kodwa mnike ixesha elincinane, kwaye uya kulihlawula. Yabona? Ngalo lonke ixesha, oko kungcono. . . Olo luphawu oluhle lobuKristu: ukunyaniseka, ukuthi tye.

5 Ufuna ukuphila kanye le nto uthetha ngayo. Ukuba awuyiphili ngokwakho, ungalindela njani ukuba omnye umntu ayiphile, uyabona. Ngoko ke niziincwadi ezibhaliweyo, ezifundwa ngabantu bonke, ngoko soloko usiba ngonyanisekileyo, ilungisa, onyanisileyo. Thetha inyaniso, nokuba ivisa kabuhlungu kangakanani into ethile. Thetha inyaniso, nakanjani na, kuba unokuhlala uyithetha ngendlela enye ngexesha ngalinye. Kwaye ukuba uthetha ubuxoki, kuya kufuneka uhambe isigidi seemayile ukujikeleza, ukanti kusafuneka ubuyele kobo buxoki kwakhona; kwaye wenze into embi kakhulu. Nyaniseka nje, kwaye unokuhlala uyithetha ngendlela efanayo kuba iyinyani.

6 Kunjalo kanye ngeBhayibhile. Yixele kanye ngendlela iBhayibhile eyitsho ngayo, musa ukuyekelela kuyo, yithethe kanye ngolo hlobo, nje. . . kubhaliwe kanye apha kwaye—kwaye ungakhomba umnwe wakho kuyo. Iyi—iyi. . . yindlela omoyisa ngayo uSathana. Wathi uSathana kuYesu, "Ukuba Wena unguNyana kaThixo, masiKubone usenza ummangaliso. Bathi Wena 'ungumenzi wemimangaliso.' Jika la matye abe zizonka, size sibone. Ulambile."

7 Wathi, "Kodwa kubhaliwe kwathiwa, Akaphili ngasonka sodwa umntu." Yabona? Wathabatha iLizwi likaYise wamoyisa umtyholi, kanye kwimihlaba yakhe. Ke ungenza kwaloo nto inye, umoyise umtyholi kwimihlaba yakhe, ngeLizwi leNkosi.

8 Ngoko, ndiya kuhlala ndinombulelo kuMzalwana uSullivan. Le yi. . . Uxolo ngalemvakaliso: Ndiyacinga xa

benza uMzalwana uSullivan okukuba Wasuka nje wawulahla umendo. Akukho unjengaye. Inye kuphela indoda endakha ndadibana nayo ebomini bam eyandikhumbuza ngoMzalwana uSullivan, yayingu E. Howard Cadle. Andazi nokuba wakhe wamazi na okanye hayi, ukusuka—ukusuka. . .UMzalwana uCadle wayeyinkwenkwana nje yasemaphandleni elungileyo njengoMzalwana uSullivan. Kwaye wayefaka izandla zakhe ezantsi epokothweni yakhe ukuza kude kakhulu de izixhomi zakhe zatsaleleka ezantsi kakhulu, kwaye ethetha ngentloko yakhe ikekele, kwaye wayengu E. Howard Cadle nje omnye. Kwaye ke ndi—ndivuya kakhulu ukuba noMzalwana uSullivan njengomhlobo kunye nomzalwana kwiVangeli. Kwaye ndiyathandaza ukuba uThixo uyakumsikelela yena nebandla lakhe elincinane apha phezulu, inkosikazi yakhe ethandekayo, abathandekayo bakhe.

9 Kwaye kuni, abanye abalungiseleli abalapha, kuni nebandla lenu, abashumayeli beFull Gospel, kwizinto ezincinci zobuchwephesha beSibhalo sisenokungavumelani omnye nomnye. Andivumelani nomfazi wam kwezinye izinto. Kwaye uyazi ukuba yintoni na? Uyayithanda ipayi yama-apile kwaye mna ndiyayithanda icherry, ngoko asivumelani. Kwaye ndikuxelela into endiyenzayo ngeyam: Ndiyalithanda iqhekeza elimnandi lepayi yecherry (ndingayimela kanye ngoku) kwaye ugalele ibhotolo phezu kwayo, uze emva koko ugalele imolasi phezu kokuya; kwaye, mzalwana, unento yokutyiwa! Umfazi wam uyayoyika. Ndicinga ukuba uyazoyika iikhalori. Usenokuyithanda, kodwa uyazi ukuba abafazi banjani, bayoyika. . .Baye babhitye kangangokuba ungabahlaba ngonongciki kwaye ubasike ethanjeni, ukanti bafuna—bafuna ukunciphisa. Yindalo yabo leyo, ndiyaqikelela, ngoko ikho. . .Kwaye, kodwa ndiyayithanda loo nto. Ngoku, asivumelani kuloo nto, ezinye izinto silungile. Kodwa, uyabona, asivumelani ngokugqibeleleyo. Ngoko sizakubona into enye, bazalwana, kodwa eyona nto iphambili, sitya ipayi, yeyona nto iphambili.

10 Ngokuyintloko, phezu kobhaptizo loMoya oyiNgcwele, nokuza kukaKristu, kunye nezona zinkulu zevangeli, iimfundiso ezisisiseko zeBhayibhile, ngokuqinisekileyo simi ngokusondeleleneyo kunye noko. Njengabazalwana abakhulu abamanyeneyo, abangenasithintelo sahlelo, kungekho nto isithintelayo, simatsha sisiya eKhalvari njengomkhosi omnye omkhulu, sikunye.

11 Ukuba ndingakhe ndibe lulo naluphi na uncedo kuni, ndingavuya ukuyenza. Kwaye ndiqinisekile ukuba niya kuthetha into efanayo kum. Kwaye ninokuba luncedo kum. Kwaye leyo yinto enye eninokuyenza, endiyaziyo, kukundithandazela, ukuba uThixo angaze andivumele ndihambe phosakeleyo. Ndi—ndi—ndi. . .Akukho entliziyweni yam ukuba ndihambe

phosakeleyo, ndi—ndifuna ukuhamba ngokuchanekileyo, ndifuna ukwenza okulungileyo. Ngokuba ndiyaqonda, njengokuba uMzalwana uJack Moore wandixelela ngelinye ixesha, wathi, "Mzalwana uBranham, bendingayi kuma emaquzeni akho ngawo onke amava akho, ngoMhla woMgwebo, ngokuba uThixo uya kufuna impendulo enkulu kuwe," wathi, "kuba Ukunike izigidi zabantu ezandleni zakho."

12 Ngoku, ukuba ndiyazi ukuba ndizakuma phaya ndibaphendulele abo bantu, ngoko ke yiVangeli enjani le endifanele ukuyishumayela? Luhlobo luni lokunyaniseka, xa ndibambe ukuthenga kweGazi Lakhe ezandleni zam? Kwaye njengoko Endinika isipho so. . .ngaphaya kwethunzi lentandabuzo, nawuphi na umntu onengqondo ebeya kwazi ukuba iphuma kuThixo. Kwaye ngaloo nto, ukuba ndingakhokelela umntu kwindlela engalunganga ngenxa yokuba iqela elithile lathi, UThixo uya kundenza ndihlawule ngayo kwiMini yoMgwebo.

13 Kodwa ndathi ndakubona umbono, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, ndeva abo bantu bekhwaza. . .Ingaba niyifumene incwadi yenu encinci phezolo? I—*Izwi* laMadoda angooSomashishini. Ilungile lonto. Kwaye embonweni. . . Ngelinye ixesha siya kuyiprinta ngokweenkcukacha ezipheleleyo; asikuko konke okukokwayo. Kodwa kuloo nto, nokubona oko, kwaye ndema phaya kanye nje—njengokuba ndimile kanye ngoku. Kwaye ndandizijonge ndilele apho phezu kwebhedi, ndijonge inkosikazi yam, ndibe ndimile apha ndizijongile. Kwaye apha yayingabobantu bemi kufutshane ngolo hlobo xa ndisithi, "Ingaba uPawulos uza kugwetywa ngenxa yeVangeli awayeyishumayela?"

14 Wathi, "Ewe."

15 Ndathi, "Ndishumayele lonke iLizwi kanye ngendlela awenza ngayo."

16 Kwaye izigidi zakhwaza, "Siphumle kOko!"

17 Leyo yindlela endifuna ukuba kube yiyo xa ndiwela phaya, yabona. Ndifuna ukuba kube yila ndlela, kanye ngolo hlobo, kanye le nto wayithethayo uPawulos. Andifuni ukongeza into enye kuYo, ndisuse into enye kuYo. Kanye into eyathethwa yiBhayibhile, yindlela kanye endifuna ukuyigcina iqhubeka, uyabona. Kwaye kakade, niyigcine ngolo hlobo, amahlelo macala onke azakuphakamisa umqobo ngokuchasene naLo.

18 Kwaye ngoko, ngamaxesha amaninzi, abazalwana bacinga ukuba ndichasene nabazalwana bam. UThixo wazi ngokwahlukileyo kuloo nto, okoko nje Esazi ukuba yintoni na inyaniso. Yabona? Ayichasananga nabazalwana, yinkqubo le isenza ukuba singabi ngabazalwana. AyiloLizwi likaThixo elisithintelayo ekubeni ngabazalwana, yinkqubo esingena kuyo ebangela ukuba singabi ngabazalwana. Injalo lo nto. Ngoko

ke, simele sime phi? Yima phezu kweLizwi, kwaye uThixo uyakutsalela bonke abantu kuLo (injalo) ko—kokuya. Ungaze uyenze umbutho, uyenze ibe lihlelo, yigcine nje ikuThixo, kwaye uqhubeke uhambele phambili; jonga nje isiphelo, bambelela uqinise, uThixo uyakuzisa konke okunye.

19 Zininzi kakhulu izinto enindenzele zona, ndiyayibulela. Ngoku ukuba ndinganinceda, malunga nokukunika ilaphu lomthandazo okanye enye into. Ngoku, ningandibuzi imfundiso, ngokuba a—andinqweneli ukwenza oko. Abantu abaninzi kakhulu bandibhalela imibuzo malunga nomtshato noqhawulo-mtshato nanjalo njalo, nto leyo engumphixanisi ebandleni. Ndihlala ndibabuyisela emva, kwaye ndithi, “Buza umalusi wakho.”

20 Abantu bandibhalele iileta apha bathi, “Kuthekani malunga *nale*? Kwaye kuthekani malunga *naleya*?” Ndibuyisela ileta emva, uya kuyifumana. Bona umalusi wakho kwizinto ezincinci ngokuba, emva kwako konke, ungumalusi wakho. Yena—yena u—yena nguye owathunywa nguThixo ukuba akugcine. Kwaye sisenokungavumelani ngayo, ize loo nto ibangele isiphithiphithi ebandleni lakho. Asiyifuni loo nto. Hayi! Hayi! Sifuna nje wena ukuba uyeke ukwenza izinto ezisisono, izinto ezingaphandle eBhayibhileni, kwaye uqhubeke usiya kuThixo. Yabona? Kwaye ukuba ubangela iingxabano ezincinci nezinto ezinjalo, loo nto iyaliphazamisa ibandla. Ke, ndingathanda ukuba umalusi wenu anixelele malunga nomtshato noqhawulo-mtshato, kunye *nezi* zinto nezinye *ezo* zinto, makayenze loo nto. Ungumkhonzi kaThixo naye, kwaye ukuxhotyiselwe ukwenza oko.

21 Usamkhumbula umSamariya olungileyo owafumana indoda yenzakele? Wamsa endlwini yabahambi (libandla elo) wamnika khona umntu iidenariyo ezimbini, kwaye wamxelela ukuba ufuna naziphi ngakumbi uzakumhlawula xa efika. Ke, unepeni ezimbini, uyakwazi ukukunyanga ukuba uyindoda yakwaThixo. Ukuba uyindoda yakwaThixo emi kwiLizwi likaThixo, u—unako oko uThixo amnike kona: uMoya neLizwi. Ingaba kunjalo oko? Sifanele sinqule njani? NgoMoya *na*ngeNyaniso. Kwaye iLizwi liyiNyaniso. Ingaba kunjalo oko?

22 Ngoku, enkosi ngobubele kakhulu, kwakhona. Kwaye ngoku, ndidinwe kakhulu, kwaye ndidinwe kakhulu ngale mvakwemini, andizimiselanga ukuhlala kwenye ihotele okoko ndisaphilayo. Itheko elikhulu labanxilileyo, kwaye ubusuku bonke, bebetha iingcango kwaye bekhala, nabafazi . . . Owu! Ndisuke ndahlala nje, ubusuku bonke. Kuko konke. Kwaye ke a—andizimiselanga ukuba ndifumane enye ihotele. Ndiza kuya kwimotele. Ndiza kuzifumanela isigadla ukuze ndilale kuso, ngaphandle ebaleni ndaweni ithile. Ndizakusifumana, ndizifumanele intente kunye nebhegi yokulala, okanye ndaweni ithile apho ndingaba khona ndedwa, ndaweni ithile. Injalo lo nto.

23 Sizele isono kakhulu, esi sizwe, akumangalisi! Sigcwele imigxunya, kwaye sibolile ukuya embindini. Kanye apha phezulu kwenye indawo, kwiphondo lenu. . .Hayi kuphela eli phondo kuphela, kuyo yonke indawo. Kanye apha phezulu, kwiminyaka embalwa eyadlulayo, ndandikwi—kumhlangano wezenkolo apha phezulu kwiphondo, isixeko esikhulu. Kwaye ngobo busuku iqela lenkolo, icawa yangokwasesikweni nabakwishumi elivisayo, laba nendibano. A—andizange. . . Ndikhe ndaba se-Afrika phantsi kwe-voodoo nayo yonke into, andizange ndiyive into enjalo. Kwaye ngentsasa elandelayo, (andinakunixelela ngokuthe ngqo, singabaphulaphuli abaxubeneyo). . .kulele emgangathweni, izinto ezingcolileyo ezenziweyo, iibhotile zewhiskey zigcwele. Kwaye abo bantwana bancinci, amakhwenkwe namantombazana kwigumbi elinye ubusuku bonke, kunye. Kwaye ngentsasa elandelayo, u "bawo ongcwele" ehleli phandle apho, baze beza baqubude kuye ng*olu* hlobo. Ngaphantsi kweGama likaYesu Kristu!

24 Ingaba ndiye ndaphambana? Yintoni—yintoni ingxaki ngam? Andikwazi nje ukumelana nezo zinto! Yona. . . into ethile indingcangcazelisa ndibe ngamasuntswana xa ndiyibona lonto. Ingaba oko kukumela iNkosi yam uYesu? Itheko elinxilisayo, eliziphethe kakubi elinezinto zokuziphatha okubi e. . .ezisetyenziswa kuwo amadodana kunye nabafazi, zilele emgangathweni kunye neengobozi zenkunkuma, kunye neebhotile kunye. . .Owu, bethu, umhlola! Ungabubiza obo ubuKristu? Akumangalisi ukuba ihlabathi likwimeko ezele isono. Kaloku, uthini umoni xa ejongile kokuya? Amawaka abo.

25 Loo mantombazana aselula ayenxile kangangokuba ayengakwazi nokuma, kwaye esegumbini ubusuku bonke kunye naloo makhwenkwe, kunye nentetho emdaka eyoyikekayo owakha wayiva ebomini bakho. Ndabeka imiqamelo phezu kwentloko yam *ngolu* hlobo, ukuzama ukulala. Phaya emigangathweni, benxilile, benyuka besehla ngemigangatho ngolo hlobo, abenkolo!

26 Ngoku, ndingalindela aba bantu banesono ngolohlobo, ngoku, abazibiza ngokuba ngabemidlalo, apha phandle kumdlalo webhola eqengqwayo. Omnye wabantwana bam ubeya kuqalisa ukuya ngakwindawo yokuqengqa ibhola, bendiya kumgxotha elizweni. Uh-huh. Biza okuya umdlalo, ayingomdlalo lowo. Yintoni le. . .Ukuba ufuna ukulunga, lunga kuThixo. Yinyani.

27 Ndifuna ukunifundela, amazwi nje aphuma eBhayibhileni. Ufumana la mazwi ambalwa endifuna ukuwafunda apha ukwenzela isiqendwana, afumaneka kwisahluko se-17 sooKumkani bokuQala, umqolo wo-1.

> . . .*Ehleli nje uY*EHOVA*, uThixo kaSirayeli, endimi phambi kwakhe, akusayi kubakho mbethe namvula* kul*e*

*minyaka, . . .ngokwelizwi lam.*

OoKumkani Bokuqala, esokuqala isahlu-. . .Isahluko se-17, umqolo wo-1.

28 Ukuba ndinokukuthumelela ilaphu lomthandazo, nangaliphi na ixesha, ndibhalele nje; unobhala wam apha, okhoyo ngoku, uMzalwana uMaguire. Bangaphi abakhe bafumana ilaphu lomthandazo kuthi? Masibone isandla sakho. Phakama, Mzalwana uJim. Ndifuna ukubona e. . . wena, nomfazi wakho ngokunjalo. Nanku unobhala wam kunye nenkosikazi yakhe, abo basebenzayo, abathumele. . . Leyo yinkwenkwe nentombazana enithumelela amalaphu enu omthandazo ephuma enkonzweni, bobabini amaKristu angcwalisiweyo. Kwaye ilizwi, elo lizwi lincinci limnandi ulivayo emnxebeni xa unditsalela umnxeba, lelo nenekazi lincinane lihleli phaya, inkosikazi yakhe. Uyise nonina, nabo, balapha kunye nathi namhlanje; kunye—kunye nabathandekayo, macala onke. Ngoko. . .Kwaye ke niyamazi unobhala wam wasentsimini, uMnu. Mercier, uMzalwana Leo Mercier, ulapha ndaweni ithile, noMzalwana uGene Goad. Kwaye ke ukuba sinokukuthumelela ilaphu lomthandazo, nangaliphi na ixesha, nantoni na esinokuyenza, ndikuthandazele ngomnxeba; nantoni na esinokuyenza, siya kuyenza.

29 Le ndoda ikhangeleka ingaqhelekanga iphethe umsimelelo esandleni sayo, amanyathelo ayo engagungqi, amehlo ayo ekhazimla buBuqaqawuli bukaThixo, iindevu zayo ziphephetheka ecaleni layo, intwana yofele lwegusha luyibhijele, wayesenza amanyathelo akhe nje ngokuqinileyo njengoko wayesihla ngendlela eya kwaSamari. Wayengekho kangakako ukukhangeleka, kodwa wayeno-ITSHO INKOSI kweso sizwe sikhulu sikaSirayeli. Ehe, u-Eliya waseTishbhi, umprofeti weNkosi. Wayengekho kangako ukukhangeleka, kodwa wayeneLizwi leNkosi.

30 Wayengoyiki ukuma phambi kokumkani, kuba wayekhe waseBukhoneni bokumkani omkhulu, wayekhe waseBukhoneni bukaYehova. Ngoko ke, wayesazi apho wayemi khona. Kwaye xa waya phambi kokumkani akazange athintithe kwaye athintilize, wayeyazi into awayethetha ngayo. Wayenokuthi kukumkani, "ITSHO INKOSI, UTHIXO KASIRAYELI, 'Akusayi kubakho mvula nambethe de ndiwubize.'" Kwakutheni ukuze atsho oko, "Ndide ndiyibize. Ngokwelizwi *lam*"? Ngokuba wayeneLizwi leNkosi, wayengumprofeti, kwaye umprofeti uneLizwi leNkosi.

31 Yinto eyothusayo ukubona ukunxibelelana phakathi kukaSirayeli weTestamente eNdala kunye neMelika ngoku. Zozibini yayizizizwe ezinkulu. Zozibini zaye zasekwa, kwaye abantu bazo babeze apho, ngenxa yentshutshiso yenkolo.

32 USirayeli wayetshutshiswe nguFaro kwaye wayesebukhobokeni amakhulu eminyaka, apho babebandezwe

ukunqula uThixo oyinyaniso nophilayo, kwaye wayehluthwe loo nyhweba; kwaye baba ngamakhoboka. Kodwa uThixo wayebenzele idinga eBhayibhileni Yakhe, okanye eLizwini Lakhe, nangabaprofeti Bakhe, ukuba Uyakubanika umhlaba. Kwaye babeze kweli lizwe kwaye babagxotha abemi belo lizwe, kwaye babahlutha ilifa labo, kuba uThixo wayenenjongo yokwenza oko.

33 Kwaye sinjalo ke esi sizwe sethu sikhulu. Siza apha, kwaye ePlymouth Rock esi sizwe sasekwa phezu kwenkululeko yonqulo ngenxa yokuba ookhokho bethu babaleka intshutshiso yamaRoma yenkqubo yanamhlanje kaJezebhele, kwaye benyuka baza kwaye bamela iintshutshiso ezininzi ezinkulu nokubulawelwa ukholo phantsi kwaloo nkqubo yobuxoki ka-Jezebhele. Kwaye ngokweBhayibhile, yeSityhilelo, isahluko se-13, uThixo wayebathembise indawo yokuphumla, nendawo, kuba umfazi wathwalelwa entlango apho wondliwa okwexeshana, ixesha, nokwahlulwa kwexesha. UThixo wayenzela idinga iMelika, okanye kwibandla (kumfazi), ukuba aze kweli lizwe.

34 Usiqaphele iSityhilelo 13? Onke amanye amarhamncwa enyuke ephuma elwandle, amanzi; ISityhilelo 17:17 sithi, "Amanzi owabonileyo yinyambhalala nezihlwele zabantu;" Onke amanye amarhamncwa, enyuka ephuma emanzini, inyambhalala nezihlwele zabantu. Kodwa xa i-United States ifika, "Yenyuka iphuma emhlabeni apho kwakungekho bantu." Kwaye khumbula, xa yaphumayo, yayikhangeleka njengemvana encinane.

35 Ngoku, imvana ineempondo ezimbini, kwaye lawo ngamagunya oburhulumente nawenkonzo. Kodwa xa athe amanyana, khumbula, ngoko laa mvana yathetha njengoko yenza inamba phambi kwayo; yaye inamba leyo yayiyiRoma.

36 Xana inamba leyo yema phambi komfazi ukuba imdle umntwana wakhe akuba ezelwe, inamba ebomvu . . . Eyema phambi komfazi uSirayeli, ukuba imdle uMntwana kwamsinyane Ezalwa, kwaye yakhupha intshutshiso yaza yababulala bonke abantwana ukususela kwiminyaka emibini ubudala ukwehla? "IRoma, inamba, yema phezu komfazi ukuba imdle imgqibe umntwana wakhe nje ukuba ebezelwe."

37 Kwaye emva koko, sifumanisa, ukuba eli lizwe leza njengelizwe elikhululekileyo, kwaye lali . . . lalinemvana, ethetha iMvana kaThixo. Kodwa, emva kwethuba, le nkqubo inye sinayo, yathetha njengenamba kwaye yawenza onke amandla inamba ibinawo phambi kwayo.

38 Ziyahambelana, enye kwenye, ngokugqibeleleyo. Kwaye khumbula xa ezi . . . USirayeli wenyuka waza walithabatha ilizwe lakhe nePalestina, wabagxotha bonke abemi belo zwe waza walihlutha ilizwe elo. Sangena salithabatha

kumaNdiya, sawagxotha sabuya sawuhlutha umhlaba. UThixo wayenesizathu soko. UThixo wayeza kubonisa ihlabathi into Awayenokuyenza nge—ngeqaqobana labantu ababefuna inkululeko, nenkululeko yenkolo, yokukhonza uThixo.

39 Bamenzela ntoni uSirayeli? Wenza uSirayeli esona sizwe sinamandla ehlabathini, kwaye wahlala ngolo hlobo wade waphuma entandweni kaThixo. Wenza ntoni Yena ngeMelika? Wayenza esona sizwe sinamandla ehlabathini yade yaphuma entandweni kaThixo. Ngokunxuseneyo, esinye ukuya kwesinye, ngokuthe ngqo.

40 Xa uSirayeli wafikayo elizweni, babe—babengabantu abakhulu kuba babenobunkokheli obukhulu. Babenamadoda amoyikayo uThixo phezu kwawo, anjengoDavide, uKumkani uSolomon. Ihlabathi lonke laliboyika, kwaye balonwabela elo lungelo lokungabikho zimfazwe, kungekho zinkathazo, nokuphila phantsi kwamandla kaThixo, bade abantu abavela kulo lonke ihlabathi elaziwayo beze kubona. UThixo wabanika isipho sokucalula, sasiphezu koSolomon. Kwaye ukumkanikazi waseZantsi, ukusuka. . .ukumkanikazi waseShebha weza enqumla iNtlango yeSahara (yamthabatha iinyanga ezintathu) ukuva nje ubulumko bukaSolomon. Kwaye xana wabona ukuba uSolomon uyakwazi ukucalula imimoya, nokumazisa iimfihlelo ezisentliziyweni yakhe, wathi, “Konke endikuvileyo ngawe kwakuchanekile, nangaphezulu.” Wayeqinisekile ukuba lowo nguThixo.

41 Kwaye iMelika, phezu kwesiseko soobawomkhulu bethu abeza apha ngenxa yokufuna inkululeko yenkolo. . . Sasinamadoda anobuthixo ngaloo mihla, njengeenkokheli: uGeorge Washington, Abraham Lincoln, amadoda anesimilo esaziwayo, amadoda kaThixo. IMelika yayiyiMelika, ngaloo mihla.

42 UGeorge Washington, apha eValley Forge, phambi kokuba awele iDelaware, ethandaza ubusuku bonke, wada waba manzi ukuya esinqeni, eguqe ekhephini. Kwaye ngentsasa elandelayo xa amaMelika aqala ukuwela, kwakukho malunga namashumi amabini ekhulwini kuphela ababenezihlangu zokunxiba, uMkhosi waseMelika. Kodwa babenomqathango, babenento ekwakufuneka bayilwele. Babengakhathali nokuba kuza okanye kuya ntoni na. Bafika abalimi, wayeka ukulima kwakhe waza wayikhupha inkunzi yakhe yenkomo, wathabatha umpu wakhe waya kulwela into awayeyazi ukuba yinkululeko. Kwaye kusuku olulandelayo, ndiyakholwa ukuba yayiyilulo, emine okanye emihlanu imingxunya yeembumbulu, iimbumbulu yombhambhayi, yadlula ngedyasi yakhe nomnqwazi kwaye ayizange imchukumise.

43 Amadoda kaThixo, awaseka esi sizwe, madoda amakhulu! Akumangalisi ukuba babhala:

Kwanga ilizwe lethu lingakhanya ixesha elide
Ngokukhanya okungcwele kwenkululeko,
Sikhusele ngamandla Akho,
Thixo omkhulu, Kumkani wethu!

44 Ngexesha elithile elidlulileyo, ndathetha nendoda endala ezantsi eCorydon, e-Indiana. Yandixelela ngexesha ikomkhulu laliseCorydon, kunye nendlela eya . . . watsho ukuba wehla njani ngenqwelo yenkomo ukuya kuva i—irhuluneli ithetha. Kwaye yena nerhuluneli yayingabo babini kuphela ababenomntla nomzantsi, isuti, benxibile. Yathi yafuya iigusha kwaye yazicheba, yahlamba uboya bazo, oodade bayo basonta bayenzela idyasi ehamba ukuba ihambisane nebhlukhwe zayo. Kwaye umfo omdala ohleli apho, ngoko owayemalunga namashumi asibhozo anesihlanu okanye amashumi alithoba eminyaka ubudala, watsala iindevu zakhe *ngolo* hlobo, wathi, "Billy, kungelo xesha i-*Amerikee* yayiyi *Amerikee*."

45 Ndajonga kumfo omdala, ndaze ndacinga, "Nkwenkwe, wena, uninzi lwaba baselula abanakukholelwa, kodwa uxela inyaniso."

46 Kwenzeka ntoni kuSirayeli emva kwayo yonke le mvelaphi yobuthixo? Baqala ukungakhathali. Baqala ukuya kwindawo apho bona, ke, babengakhathali nokuba kuqhubeka ntoni na. Baqalisa ukuyekelela ekunquleni uThixo, nangona babebambe ukuhlonela inkolo njengokuba nathi senzile. Babenesimo sobuthixo. Kodwa baqala ukukhululeka nabantu babo, kwaye—kwaye baqalisa ukuzisa iziphambuso ebandleni labo. Unqulo lukaBhahali lwaqala ukungena, waza uSirayeli waphambana ziziyolo, wanxila, nezinto ezinjalo, kwaza ekugqibeleni wangenisa inkokeli eyayingamazi uThixo; U-Ahabhi, owangena ezihlangwini zikayise. Kwaye uyise wayeyindoda enganabuthixo, indoda esisityebi, kodwa indoda enganabuthixo. Kwaye wenza zonke izono, ngaphezu kwakhe nabani na owakhe wenza phambi kwakhe. Kodwa uSirayeli, ekunxileni kwabo, bafaka indoda elolo hlobo, baze bayibeka etroneni ukuba ibe ngumlawuli phezu kwabo. Bacinga ukuba kulungile, njengokuba uninzi lwabantu baseMelika besenza namhlanje, "Ungumpolitiki olungileyo, ke yenza wuphi umahluko? Ayizukwenza mahluko, kuba ungumpolitiki olungileyo."

47 Uninzi lwabantu baseMelika, abaninzi kakhulu babo, bathengise ngobuzibulo babo, njengomMelika, kwaye bathi, "Yenza wuphi umahluko, okoko nje ufumana iidola ezimbalwa ezongezelelweyo kurhulumente kwaye uphile?" Bathengisela esiswini, kunye neenkanuko kunye nokulangazelela ihlabathi elinesono, saza salibala kwaloo nto safikela yona ePlymouth Rock. Balilibala ilifa lethu, bahamba bazithengisa kwizihlwele eziphambene ngeziyolo. Njengoko kwakunjalo ngemihla

kaSirayeli, ke kube njalo, iMelika ithabathe kwaloo ndlela inye, kanye ezantsi ngendlela enye, iziyolo!

48 Emva kwethuba, urhulumente waxhasa isono: "Okoko nje wawunendlu yesikhungu, yenza wuphi umahluko?" Yiloo nto kanye eyenziwe yiMelika. Saze saqalisa ukuzenza umbutho kunye senze amaqela amancinane, sibe nesono ngakumbi, sinesono ngakumbi, isono ngakumbi. Besiye sahlala nemiqathango yokwenyani esazela yona apha! Isono saqalisa ukungena emabandleni njengokuba senzayo ngoko. Abafazi baqalisa ukucheba iinwele zabo, benxiba iimpahla zokuziphatha kakubi, bezicheba nyaka ngamnye yaye . . . Kwaye amadoda aqala ukwenza *oku*, *okuya*, n*okunye*, nokudlala amakhasi nokwenza imidlalo ye-bunco ebandleni, kwaye kanye babalihlabathi njengoko babenjalo, bephambene ziziyolo, amanxila.

49 Abalungiseleli abaphumelele kwisikolo sakwalizwi, kunye nobhishophu esithi, "Shumayelani, makhwenkwe, nantoni na eninqwenela ukuyishumayela. Kangangokukhathala kwam, igazi likaYesu Kristu loma kwiminyaka elishumi elinesithoba eyadlulayo." Lade ibandla alafikelela ntweni ngaphandle kombutho, njengendawo yokuphumla. Wanga ungaze ulibale ngale mvakwemini! Laba njengendawo yokuphumla, ihlabathi laqalisa ukungena ngaphakathi, abalungiseleli baqalisa ukwenzelelela kanye njengokuba benzayo ngemihla ka-Ahabhi. Lizele isono, libole ukuya kundoqo, kwaye yaqhubela phambili iqhubela phambili ngamandla kangangoko inokuhamba.

50 Nangona uThixo wabathumela umprofeti emva komprofeti, nangenceba Wababongoza abantu, baza baKunikela umva. Babefuna indlela yabo, babengamaSirayeli, babekhululekile, babesisizwe esikhulu, ookhokho babo benza *oku-noku* (uDavide noSolomon), babenokwenza oko babefuna ukwenza. Kwaloo nto kanye esiziseke kuyo, ngqo; oko uWashington, ookhokho bethu, kunye nento ababeyimele. Kodwa, mzalwana, sizizigidi zeemayile ukusuka kwezo zinto; amabandla ethu, zizigidi zeemayile.

51 Endala . . . Ibandla lamaWisile namhlanje, kwinto elaliqhele ukuba yiyo ibandla lamaWisile! Into eyiyo iPentekoste namhlanje, kwaye noko eyayiqhele ukuba yiyo! Into eyiyo iBhaptizi namhlanje, kwinto eyayiyiyo ngaphambili! Sinexesha lokubuyela emva kwaye sithethe ngoJohn Smith kunye nabaninzi babo bahlaziyi bangaphambili. UJohn Smith wathi, ngaphambi kokuba afe, wathi, "Into eyoyikekayo kakhulu kukuba abafazi baseWisile baqala ukufaka imisesane yegolide eminweni yabo." UmWisile! Ebeza kuthini namhlanje xa ebabona benenwele zichetyiwe, nokupeyinta ubuso bonke, benxibe ezimfutshane? Kungenxa yesono!

52 Wenze ntoni uThixo eMelika? Uthumele imvuselelo

emva kwemvuselelo, imvuselelo emva kwemvuselelo. Abalungiseleli balishumayele iLizwi, bazama ukubizela abantu babuyele kuThixo. Kwaye benza ntoni? Kwaloo nto inye awayenzayo uSirayeli, baYicekisa! Bahlekisa ngabo! Bababiza "abaqengqeleki abangcwele"! Babaphosa entolongweni!

53 Ukuba omnye woodade wethu nomnye wabantakwethu, ophuma kweli bandla namhlanje, bebe nokuma kula hotele phezolo baphakamise izandla zabo badumisa uThixo badanduluka kwelo gumbi, ngebabe sejele namhlanje ngenxa yoko. Kodwa igquba elinxilileyo, abaphambeneyo "abaqengqeleki abangangcwele" banokuma apho baze bakhale ubusuku bonke; kwaye benxilile, betshabhisa baze bahlube iimpahla zabo kubafazi babo baqhubeke, baze bawe emgangathweni bakhwaze ubusuku bonke, kwaye bengenako ukuthetha nelimdaka ngayo. Akumangalisi ukuba sigwetyiwe phantsi kwesandla sikaThixo!

54 Qaphela, ukuya phambili, uThixo wathumela abalungiseleli, benza imiqondiso nemimangaliso, beqondakalalisa iLizwi Lakhe. Kwaye eyona nto ininzi, uninzi lwabefundisi balemihla baYala baze bahlekisa ngayo yonke imvuselelo. Njengokubizwa ngokuba liBandla likaKristu kunye nabo, "Iintsuku zemimangaliso zidlule." Bezama ngako konke abanako ukuyivala isuke kuloo masalela amancinane kaThixo. Njengoko kwakunjalo kwaSirayeli, kusenjalo nanamhlanje. Amaxesha amaninzi, uThixo umelwe kukuba abakhuphe abantu Bakhe kuloo mibutho namahlelo, abakhuphele phandle entlango bodwa, ukuze athethe nabo. Kwaye Uzakuba nentsalela, ungakhathazeki ngaloo nto. Wenza ngoko, Uzakwenza nangoku. Ukuqhubeka nokuqhubeka behamba esonweni, betyhutyha izinto. Ngokuba? Ubunkokeli babo, akukho nto inokunqanda.

55 Ewe, ukunyaniseka, ndazi izizwe ezininzi okokuba bangababamba abantu esitratweni benxibe njengokuba sisenza apha eMelika, babeya kubavalela entolongweni. Xa ndaya eSaint Angelo, eRome (ngoku, yicinge, ephantsi ngolo hlobo), babenombhalo phaya phezulu, ngakumangcwaba iSaint Angelo, "Kubafazi baseMelika: 'Ncedani ninxibe iimpahla kwaye nihloniphe abafileyo.'"

56 Ukuba kukho nantoni na ekugulisayo, kukubona iqela labantu ababizwa ngokuba ngamaMelika bengena. Ndandihleli phantsi, eLausanne, sasonwabele inyama, ngenye imini, uMzalwana Arganbright kunye nam. Ngosuku olulandelayo, sabuyela emva kuba ibikukutya okumnandi. Ndandinako ukufumana amanzi phaya, babengayi kunika nto ngaphandle kwewayini. Kwaye bendiyakufumana amanzi, kwakufuneka ndifunqule ijagi yamanzi phantsi kwengalo yam, lonke ixesha, kuba bebengayi kukunika amanzi etafileni. Emva koko ndangena apho, kwaye yonke into yayilungile de "uNkosazana Melika" wangena nencinci, emdaka, empumlo zinemifinya

inja ipoodle; nobaneleyo bevenkile yeshumi lesenti ubucwebe ebunxibile *ngolwa* hlobo, kunye nomdiza omde ekupheleni *ngolu* hlobo, wahlala phantsi apho ezenza into awayengeyiyo; waze wabeka laa nja ipoodle etafileni, imdaka, into enyhukunyhuku.

57 Iyi. . .inja yeyona nto imbi athetha ngayo uThixo. Nditsho nesishumi sazo asinako nokuhlawulwa endlwini kaThixo. "Kufana nehenyukazi, isishumi sehenyukazi," yatsho iBhayibhile. Kwaye, nangoko, nantso ke. Baya kwenza ulawulo lokuzala baze bahlawule iwaka leedola, phantse, ngenja encinane; kwaye bayijikelezise kwaye bayinike uthando lomntwana, ukuze abaleke ubusuku bonke, kwaye uya kwenza ulawulo lokuzala.

58 Yintoni elindileyo kodwa isiphithiphithi! Usenokungaphindi uve ilizwi lam kwakhona, kodwa ndifuna ukuba ukhumbule oku: Sisekupheleni!

59 Apho, sifumanisa ukuba kwenzeke ntoni na. Ekugqibeleni, iyure *enkulu* iyeza: U-Ahabhi wonyulwa, wathi akwenza njalo, watshata uJezebhele; lowa ubolileyo mdala umfazi owakhokelela onke amaSirayeli kunqulo zithixo. Kwaye njengoko wenza uSirayeli ngoko, kutheni, oku. . .Bamele ukuba babekwimeko yokukreqa, ukuba bavumele into elolo hlobo ukuba yenzeke esizweni sabo. Imithetho yenziwa ngabantu besenzela abantu, kwaye nathi senze into ekwanye!

60 Kwakukho ixesha apho iMelika yayingayi kuba nayo. . . babesazi ngcono kunokuba bavumele ihenyukazi elidala, elasela igazi labafeli-nkolo, libabulele, kwaye isizathu sokuba basabele apha, ngenxa yenkululeko, babengayi kunyamezela nantoni na elolo hlobo. Ibonisa ukuba sikwimeko yokukreqa, isizwe siphela, ukuba sonyule ngolo hlobo. Owu, kakade, ngoku nina. . .abanye benu bathembeki beDemokhrasi abalungileyo baya kucinga oku, ukuba "Owu, ke, uya—uya kuba yintloko yezopolitiko elungileyo." Oko kunokuvakala kulungile kwizizathu, kwingqondo yenyama. Kodwa kwiLizwi likaThixo kunye nengqondo yomoya, ayivakali. Ngokuqinisekileyo ayenzi njalo, iidola ezimbalwa ezongezelelweyo kunye neerhafu okanye into efana nale nto iphungulwe.

61 Kwaye sinexesha elinzima, amamishinari ethu entsimini namhlanje, kuba ngoku sibalelwa njengesizwe samaKatolika. Kutheni, ngokuqinisekileyo, iRashiya ithathwa njengekomanisi ngokuba inenkokeli yobukomanisi. IRed China ithathwa njengamakomanisi ngenxa yokuba inenkokeli yobukomanisi. Sithathwa ngokuba singamaKatolika kuba sinenkokeli yamaKatolika.

62 Owu, xa u-Ahabhi wayesetroneni. . .Uthi, "*U*setroneni." Injalo loo nto, kodwa uJezebhele wayeyintloko emva kwaloo trone. Yayinguye owayekhokela. Khangela indlela awathabatha kwa loo mithetho yelizwe waza wayijija, nangenxa yenzuzo

yakhe nokurhala, kwaye wamenza u-Ahabhi ukuba ayenze ngokuba wayetshatele kuye. Kwaye yiloo ndlela ngenkokeli yethu namhlanje. Anditsho ukuba akayondoda ilungileyo, kodwa jonga okusemva kwakhe: ihenyukazi, eyona nto sabalekela apha (ukuba yiMelika) yona; eyona miqathango iMelika yakhelwe phezu kwayo. Thina, ngokuzikhethela kwethu ngokukhululekileyo, sonyule into enjeya.

63 Ngoku uyabona ukuba kutheni ilizwi lam liza kumiswa kungekudala. Kodwa umntu uzakuyazi! Ewe! Ngokuba? ISityhilelo 2:20, wazibiza u "mprofetikazi." Jonga nje iliza lesono lisenzeka ngoku. Ujonge undoqo uye ngqo kundoqo. Ujonge izinto zala maxesha, jonga izinto ezingezobuthixo zisenzeka emabandleni. "Kwaye, ekugqibeleni, kuya kufika intshutshiso," IBhayibhile itsho njalo, ITSHO INKOSI! Ngokuqinisekileyo, iyakubakho.

64 Emva koko kuya kwenzeka ntoni? Kanye njengokuba kwenzeka ngoko, kuyakuba njalo ngoku. Wayengamandla asemva kwayo, yayinguye owayeyilawula. Funda i... Ndiyakholwa ukuba sisixhenxe-...malunga nese-17 okanye isahluko se-18, khona apho, uyakufumana into awayenzayo uJezebhele: indlela awamthabatha ngayo u-Ahabhi, kwaye wayengenakuthetha nto ngaloo nto ngokuba wayengumfazi wakhe. Khangela into esasakhelwe phezu kwayo isizwe ngoko, umSirayeli okreqileyo nomfazi ongumhedeni (emva kwakhe) owayengumnquli kaBhahali. Kwaye wenza ntoni? Ekugqibeleni uye wenza yonke into yaba yeyalemihla, kwaye intle kakhulu, kwaye abantu baphila lula, lade lonke ibandla layiwela loo nto, abashumayeli nabo bonke. Akatshongo na u-Eliya ukuthi, "Nkosi, ndim ndedwa oseleyo"? Kwaye njengokuba kwakunjalo ngoko, iyahambelana namhlanje.

65 Bonke babesoyika ukuthetha nantoni na. Asiyonto efanayo ekwanye nje namhlanje? Babesoyika ukuthetha into. Ke sifumanisa, babezipholele nje, besenza nje, benxilile, beqhubeka, bephambene ziziyolo, nayo yonke enye into, njengokuba kunjalo namhlanje. UJezebhele ejija ezo Zibhalo... Wenza ntoni yena...okanye lomithetho, njengoko—njengokuba uJezebhele eza kujija. Khumbula, uJezebhele, uzibiza ngokuba ngu "mprofetikazi," ukugobela abantu phantsi kolwawulo lwakhe, kwaye uthi nguye "ekuphela kwelizwi likaThixo emhlabeni." Uyakwenza ingqondo yenyama ikholwe oko ngokuqinisekileyo njengehlabathi.

66 "Kuyakufika unqulo lomfazi, e-United States, kwaye lowo iyakuba nguMariya." Ndiyibonile, amashumi amathathu... 1931. Kwenzeka izinto ezisixhenxe. Ndinayo kanye ephepheni apha, kunye nam, ndayibhala ngo-1931. Indlela endakutsho ngayo oko "Lo Mongameli, uFranklin D. Roosevelt, uya kubangela lonke ihlabathi, alincede liyenze, athumele ihlabathi emfazweni." Lalingekafiki emfazweni, ngexesha loxinzelelo

kwezomnotho. Ndathi, "Enye into,. . ." Kwaye umama wam, ozinikeleyo umDemokhrasi, ukuba akazange ajonge kum kakhulu xa ndakutsho oko. Ndathi, "Andikhathali nokuba wayeliRepublic na okanye wayeliSocialist okanye nokuba uyintoni na, lo ngu ITSHO INKOSI." Ndaze ndathi, "Ngokwenza oku, bavumela abafazi ukuba bavote. Kwaye xa besenza loo nto, benza elona hlazo likhulu elakha lenziwa sesi sizwe." Kwaye ndathi, "Ngenye imini baya kuhlawula ngayo." Kwaye benzile kolu lonyulo lokugqibela. Nantso into emnyulileyo, abafazi.

67 Kwaye nina bantu abantsundu abathandekayo, baseMzantsi, indlela enivote ngayo! Uthi, "Awunamsebenzi wokuthetha loo nto epulpitini." Owu, ewe, ndinawo, liLizwi likaThixo! Kwaye ibala lika—lika-Abraham Lincoln, lowo wanikhululayo, lilele ngaphaya kulaa museum kwilokhwe yomfazi, kwaye nithengisa ngobuzibulo benu. Ihlazo kuni.

68 Kwaye nina bantu, ngenxa yopolitiko, kuba ningumDemokhrasi olungileyo, nivotele into elolo hlobo, nathengisa ngobuzibulo benu bobuMelika nobuKristu, ukuyinikela kwihenyukazi elasibalekilesa kwesi sizwe, into eyenza sibe yile nto besiyiyo. Uyayibona indlela awanyebelezela ngayo? Ngokulula ngokwenene, kude kube ngoku usetroneni. Ngokuqinisekileyo! Itrone ye-White House.

69 Qaphela! Sele. . .Nikhe nayibona ngenye imini malunga nezikolo zamaKatolika nezikolo zamaProtestanti? Xhasa isikolo samaKatolika kodwa hayi amaProtestanti. Yabona? Owu, mzalwana! Ujonge amaza ezinto azayo ngoku. Qaphela, kwaye njengokuba bayenza, khangela ukuba kwenzeke ntoni na. Sonke esi sono sifumbelana ngaphakathi. Sifike endaweni saze isizwe sibe kolo hlobo lwendawo ekhwankqisayo.

70 Kwiminyaka embalwa edlulileyo, xa babene. . .kwavela amaPentekoste kuqala, yasindisa isizwe kwiminyaka embalwa eyadlulayo xa u-Al Smith wayezakungenela ulwanyulo. IMelika yayisazi ngcono ngoko. Kodwa iPentekoste yaba ngokwehlabathi kangangokuba yangena yathengisa ngamalungelo abo njengomKristu, kwezopolitiko, kwaye yipolitiki ngaphambi kweBhayibhile. Owu, bethu!

71 Ngoku, umzuzu nje, kwaye khangela nje ukuba oku kuphuma njani. Ngoku, sifumanisa into abayenzayo nezinto abazenzayo, siyibona ihambelana apha ngokuchanekileyo, isono kwisandla sonke. UJezebhele wangena, wabathakatha bonke abantu. Kwaye qaphela, ekugqibeleni, waqalisa ukwakha iziganga ezinkulu zikaBhahali. Ingaba oko kunjalo? Kwaye ababingeleli bakaBhahali bathuthumela bephuma kuzo zonke iindawo ukuze bangene kuloo ndawo, baza baqalisa ukungcolisa amazwe ngonqulo lukaBhahali.

72 Jonga indlela abenze ngayo, jonga indlela abaye abangene ngayo okokhula. Izinto nje abazenzileyo, khangela apho

bakhoyo namhlanje. Jonga kubuKatolika buginya, buginya, buginya; ukutshatela kubo, ukwaphula oku, kanye ngqo oko uDaniyeli wathi bayakukwenza. Intsimbi nodongwe azinakuxubana, kodwa zidibanisa imbewu yazo enye kwenye, ziqhekeza. Yonke intombazana engumProtestanti itshata nenkwenkwe engumKatolika ifanele ikhulise abantwana bayo ngobuKatolika. Konke ngolwahlobo, ukutshata, ukudibanisa, ngolo hlobo ide ifikelele kwindawo yokuba yonke i-United States ibe igutyungelwe yonke.

73 Siza kwenza ntoni njengeemishinari, ukuya ngaphaya ukuya kukhulula eMzantsi Melika nakuwo wonke ummandla wehlabathi, uTommy Osborn kunye nabo, ukuzama ukukhupha abantu kobo buhedeni kwaye banokukhomba umnwe wabo emva ekubeni sonyule inkokeli yethu, kwaye yinto enye. Owu Thixo. Yintoni—yintoni ezakwenzeka kulomhlaba? Kufanele kushukumise wonke umntu olapha. Sizakuphendula njani? Uza kuthini ummishinari xa besithi, "Uza apha ukuze usikhulule kule nto, kwaye abantu bakho babeke kwaloo nto inye kwi ofisi yenu phaya, phezu kwetrone"? Sizokwenza njani . . . Intoni . . .

74 Jonga emva kumaphepha embali, jika umva, uyikhangele ukuba i—ukuba ingokupheleleyo, phantse, ayikho ngokomgaqosiseko ukuba kube njalo. Babengenakuyenza loo nto kwiminyaka eyadlulayo kodwa, yabona, siye sathengisa ngamalungelo ethu obuKristu kwezopolitiko, nantso ke indlela umtyholi azoluka ngayo ukuzingenisa. U-Ahabhi wayengeyonto kuphela umkhokeli ongenagunya kaJezebhele. Yiyo yonke le nto iya kuba yiyo, umkhokeli ongenagunya. Akayi kuyenza ngokwakhe, kodwa loo nkqubo isemva kwakhe iya kumqhubela kuyo. Kunjalo kanye! Tswikila isazela sakho, wena mKristu. Zivuse, kusemva kwexesha kunokuba ucinga. Imeko esikuyo, imeko ababekuyo, nendlela abaziyeke bakhululeke ngayo.

75 Indlela enkulu enothando ngayo intliziyo kaThixo enokuba yakhala, kwaye yalila, njengokuba Wayebona abantu Bakhe abazimishinari. Wabenza umzekelo, zonke izizwe eziphuma ezindaweni zonke ngenxa yokuba uThixo wabasikelela, ebabona bekumanyano, ngokomoya, bekhonza uThixo. Kuze emva koko ukucinga ukuba Yena—Yena wayelangazelela ukubabona bebuyela kuthando lwabo lokuqala, benze okulungileyo, kodwa baqhubeleka bemka, bemka, bemka, de ekugqibeleni wangena uJezebhele. Yiloo nto kanye esiyenzileyo. Sikhukuliseka kwimiqathango kaKristu. Xa uThixo wathumela abalungiseleli Bakhe kwisizwe sonke, bashumayela ubungcwele (amaPilgrim Holiness, amaNazarenes, amaPentekoste), "Buyela kuThixo! Buyela kuThixo!"

76 Kwaye awona mabandla enene asekwayo asuka ahleka kwaye enza intlekisa. Uninzi lwaloo makholwa alemihla, ngokuba, agxeka yonke into awayenzayo loo madoda kwaye athi "Yayiyekamtyholi." Yenze ntoni? Laze ibandla laqalisa

ukuyiphulaphula, uninzi lwaqalisa ukuphulaphula. Into yokuqala uyazi, "Ukuba umfazi ongumKatolika wayenokunxiba olu hlobo lwezinto, amaProtestanti angazinxiba nawo. Ukuba ibandla lamaKatolika lalinokukwenza *oku*, amaProtestanti nawo angayenza. Ngoko ukuba umWisile unako, uthini ngomBhaptizi? Ngoko ukuba umBhaptizi wayenako, malunga naphi ngamaPentekoste?"

77 Yabona, yiloo nto iinkqubo ezenziwe ngabantu zikuzisa kuyo. Haleluya! Yinyani leyo. Eso sisizathu sokuba ndiyichase, ngokuba iLizwi likaThixo lichasene nayo. Iinkqubo ezenziwe ngabantu: uThixo uchasene nayo, iLizwi Lakhe lichasene nayo, abaprofeti Bakhe bayakuba ngokuchasene nayo, Abakhonzi bakhe benene bayakuyichasa, bonke abazelwe nguMoya kaThixo bayakuyichasa.

78 Khangela indlela awafika ngayo uSirayeli, indlela awadada ngayo nomsinga, de ekugqibeleni wafika uJezebhele. Khangela indlela eyafika ngayo iMelika, yadada nomsinga wehlabathi, wade ekugqibeleni uJezebhele wathabatha itrone. Injalo lo nto. Ngoku, uJezebhele eneneni wayengekho kwitrone yaseYiputa. . .okanye, itrone kaSirayeli, kodwa wayeyeyona ntloko emva kwetrone. Kwaye ulawulo lwamaKatolika alukho kwitrone yase-United States, kodwa nguye inkqubo esemva kwayo kuba etshate naye. Kwaye iBhayibhile ithe, kweli lizwe, bayakwenza "umfanekiso *ofaniswe* nerhamncwa."

79 Owu, mzalwana, dade, yintoni ingxaki? Ewe, ndi— ndiyayazi ukuba yintoni na. IBhayibhile ithe bayakufumana esi sigaba sexesha laseLawodike, kwaye phaya kulapho sikhoyo. Usenokundithiya ngoku, kodwa ngenye imini awusayi xana uthe wakufumanisa ukuba yintoni na iNyaniso. Usenokungavumelani kwaye uphakame utsibe uphuma kwisakhiwo, oko kubonisa nje ubuqaba bakho. Kodwa ngenye imini uyakuqaphela, ngenye imini uyakulangazelela kwaye wazi ukuba yiNyaniso leyo! NdiYithetha eGameni leNkosi! Ndizibeke kwindawo ekujoliswe kuyo, eya kuthi ekugqibeleni indiqhubele engcwabeni. Ndiyakuba lingqina ndide ndife, ukuba uThixo uyakundinceda. Injalo lo nto.

80 Apha sikule meko sikuyo namhlanje, yonke into iqhubeka ngolo hlobo. KwaSirayeli, indlela awawenza ngayo u-Ahabhi, intloko kaJezebhele kuba wa-. . .wayetshatile naye. IMelika, inkokeli yethu, yenze njani i. . .Uyazi ukuba inkokeli yethu yayisisityebi? Bangaphi abayaziyo loo nto? Usozigidi ezininzi. Umntu othile undixelele, kulindixesha okanye unomathotholo okanye umabonwakude okanye into ethile, UJack Benny okanye umntu othile wenze i. . .Ernie Ford, ndiyakholwa ukuba yayinguye. Umntu othile watsho ukuba "Uyise wamnceda wafumana amaphondo amabini awayengenawo." Ngokumalunga nokuba ngumnini wayo yonke enye. Wayifumana njani? Yeza njani loo mali? Ngokuhamba

kwe-whisky, kunye notywala. Naso isizathu sokuba ahlise irhafu kwiwiski kunye nezinto. Yiloo nto eyamenza ukuba abe sisityebi. Kwa eyona nto yasigwebayo isizwe sethu, eyona nto yayonakalisa iingqondo zabantu bethu, into eyawathumela amakhwenkwe ethu, ukuba abe ngamanxila, neentombi zethu ukuba zibe ngamahenyukazi, imali yaloo nto yamenza isityebi.

81 Into ekwanye, laa nkqubo indala kaJezebhele, kwaloo nto yayitshutshisa abantu bethu, kwa kwaloo nto yabarhuqayo (kubuRoma) yabatshisa yabakrazula kubini yaza yenza yonke into kubo, kwa elona gazi lababafeli-nkolo (itsho iBhayibhile) likuye! Nabo, batshatile kunye. Kwaye thina bantu baseMelika siyagxadazela, "Owu, ke, sineedola ezimbalwa ezongezelelweyo kwaye sinexesha elimnandi. Singcono ngakumbi kunezinye izizwe." Kodwa, mzalwana, khawume nje umzuzu.

82 Masiyithathe igama ngegama ngoku, kwimizuzu embalwa elandelayo, sibone ukuba kwenzeke ntoni na.

83 Abashumayeli badibana kanye, basebenza nzima nje kunye nabo, baqhubeka kanye nabo, yonke inkqubo. Yonke inkqubo yakwaSirayeli yahamba kanye noJezebhele. Babenemo, ewe. Kwaye iBhayibhile ayisixeleli ukuba kule mihla yokugqibela siya kuba nayo "ukuhlonela uthixo"? Zonke iziprofeto zizalisekile, mzalwana, sisekupheleni! Kuzwelonke, sisekupheleni! Ngokomoya, sisekupheleni! Yonke inkqubo isekupheleni kwayo! Into elandelayo kukuza kweNkosi nokuguqulelwa kweBandla.

84 UThixo wathumela wonke umqondiso, imimangaliso, wenza yonke into Awayenokuyenza, ezama ukutsala abantu, kwaye ngokuthe gqolo baqhubeleka bangena kanye kuyo. Jonga kule dolophu ilapha. Jonga kweli lizwe lingqonge apha, elinamashumi amakhulu namakhulu abantu bePentekoste; nangenxa yokuma eNyanisweni, baphi ngale njikalanga? Kungenxa yokuba omnye umntu wabaxelela ukuba bangasebenzisani neentlanganiso. Nina balusizi, ngabom... UThixo abe nenceba kuni, kuphela kwento endinokuyithetha. Xa nina maKristu ningenamqolo kunoko, nifumana ithambo lomqolo wentaka endaweni yomqolo. Kunjalo! Into esiyidingayo ku "kushumayela iVangeli enamazinyo kuyo," eya kuyinqunqa into ibe ziziqwenga. Bahambe kanye njengabanye, ngoko uyamangala ukuba kutheni singxola ngayo. Ngoko, uyabona, ufumana i "gxalaba elibandayo." Ndiyilindele, kufuneka ndibe njalo.

85 Konke oku kwenzeka kwaSirayeli. Ekugqibeleni, ngenye imini, kwathi gqi entlango, kweza oxhonti ukujongeka omdala umfo, u-Eliya umTishbhi. Akazange aphume nakuwuphi na umbutho, waphuma entlango! Wayengenanto yakwenza nabo. Wayengumprofeti weNkosi. Mzalwana, wabushukumisa obo bukumkani buka-Jezebhele ngayo yonke into eyayikubo.

Bamthiya. Wayengenantsebenziswano, ndiyakuqinisekisa oko. IBhayibhile ithi hayi. Ngokuqinisekileyo. Wabenza oo-Jezebhele abaqatyiweyo "batsha ngumlilo" ndiyaqikelela. Wabeka izembe ezingcanjini zomthi njengokuba wenzayo uJohn, izinto zawela naphina apho zifuna ukuwela, kodwa wamlalisa apho. Wasishukumisa isizwe, ebonakalisa ukuba sasiphosisile, kwaye ezama ukubabiza babuyele kuThixo ophilileyo wenyaniso, kwaye babuyele eLizwini Lakhe endaweni yonqulo luka Jezebhele.

86 Benza ntoni? Ingaba bamamkele? Babemthiyile! Kodwa iLizwi lakhe laphuma ngokufanayo, ngokuba wayeno-ITSHO INKOSI! UThixo wasebenza naye, wabonisa ukuba wayengumprofeti othanjisiweyo ngezinto awayezithethile zisenzeka. Kwaye konke oko wakwenzayo kwangqina ukuba wayengumprofeti kaThixo. Kodwa nangoko abazange baYikholelwe, ngokuba wazikrazula izindlu zabo zokudlala. Wabaxelela ukuba babengalunganga. U-Ahabhi wayengumntu othanda ukulwa. Yinyani! Kwaye uyaqaphela ukuba abazange bamkholelwa, kodwa waLishumayela ngokufanayo. Akubangakho namnye ke wabashumayeli owavumelana naye, wathi, "Ndim ndedwa oseleyo, Nkosi. Jonga kubo, abasayi kwa . . . enye, akukho mntu uya kusebenzisana." Kodwa wayenomsebenzi awayewuthunyiwe yaye wawenza. WayeneLizwi leNkosi, ITSHO INKOSI! Kwaye wahlasela isizwe, wahlasela ibandla, wahlasela yonke into eyayikho, kwaye uThixo wayenaye!

87 Sithenjisiwe, ngemihla yokugqibela, ukuba uya kubuyela nakweli lizwe. Ndiyazi, Yesu, nini . . . UMateyu 17, bambuza bathi, "Kutheni ababhali besithi, 'U-Eliya . . . '?"

88 Khangela into Awayithethayo, "UEliya ngokwenene kufuneka eze kuqala," ngaphambili, ngaphambili . . . kwixesha elizayo. Kodwa ke Unika uYohane njengomzekelo. UYohane wayengenguye uMalaki 4. UYohane wayenguMalaki 3, "Yabona, Ndithuma umthunywa phambi kwaM, ukuze alungise indlela."

89 UMalaki 4, Wathi, "Phambi kokuba ifike imini yeNkosi enkulu neyoyikekayo, xa wonke umhlaba uya kutshiswa njengeendiza; phambi kwaloo mini, Ndiya kuthumela uEliya."

90 Kwaye yayingengoYohane, ngokuba iNkosi ayizange iwutshise umhlaba ekufikeni kukaYohane. Kwaye ukuba uyaqaphela, kwisahluko sokugqibela, kwivesi yokugqibela, Wathi, "Kwaye yena . . . " (bukela: *yena* ethetha) " . . . iya kuguqulela iintliziyo zooyise kubantwana, *kunye* neentliziyo zabantwana kooyise."

91 Ngoku qaphela! UYohane wokuqala weza, u-Eliya wokuqala, wenza ntoni? Weza wezisa uMyalezo wajikela iintliziyo ezilukhuni zabangokwasesikweni kukholo lwebandla elitsha, abantwana. Kodwa xana u-Eliya olandelayo efika,

kwixesha lesiphelo, umelwe kubuyela emva athabathe i—iintliziyo zooyise. . .iintliziyo zabantwana, gxebe, aze ababuyisele emva kuKholo looyise bepentekoste. Uyawubona umahluko? Akayi kuba ngomnye waba balapha *babizwa* esinabo namhlanje, uyakubuyela kanye emva kwiZenzo 2 aqalise khona apho. Uyakushumayela iVangeli engakrexezwanga, athethe nje kwa ezo zinto zinye wazenzayo uPetros ngoMhla wePentekoste, kuba oko wakuthethayo ngePentekoste kungqinele zonke iZibhalo kuzo zonke. Akasayi kujika nombutho othile, xana u-Eliya esiza. Uyakubathiya abafazi njengokuba wenzayo u-Eliya, kanye njengokuba. . .okanye abafazi abangalunganga, kanye njengokuba uYohane wenzayo. Uya kuba ngumthandi wentlango kanye njengokuba babenjalo. Akayikuyekelela. Sijonge ukuba eze. Uya kuza! UThixo wathi uya kuba njalo, kwaye uyakuba lapha!

92 Ndiyakholwa, ukuba kukho nantoni na, uMyalezo esinawo namhlanje uyakwandulela oko kuza kwakhe kukhulu. Ewe, mhlekazi! Usendleleni, sele ezelwe. Njengokuba wayenjalo u-Eliya, weza wathi gqi ephuma entlango, kwindawo ethile ayakuzibonakalisa. Uyakushumayela iZenzo 2. Uyakubuyisela uKholo lwaba bawo bamandulo bamaPentekoste. . .ukholo lwaba bantwana bePentekoste, emva kanye kuKholo looyise bePentekoste. Uyakuhamba kanye, abuyele kwiZenzo 2, iZenzo 2:38, konke ukwehla. Uyakuzisa eyenene, iVangeli engakrexezwanga. Akayi kuba nanto yakwenza noJezebhele nenkqubo yakhe. Uya kuba ngumkhonzi kaThixo. Ngokuqinisekileyo uza kwenza njalo! IBhayibhile ithe uyakuza. Uyakuprofeta aze awuphose uMyalezo wakhe ebusweni baba Jezebhele, kanye njengokuba u-Eliya wenzayo ekuqalekeni kuSirayeli. Baya kumthiya! Abayi kusebenzisana naye. Hayi hayi. Uya kuza! UThixo wayithembisa, kwaye uyakuvela abonakale. Uya—uyakushumayela kwiBandla eliNyuliweyo njengoko Lathi uyakwenza, evuthulula abo baNyuliweyo, evuthulula ubunyama kuyo, i—ihlabathi nezinto ezinjalo, ezivuthulula, ezinyibilikisa, elihlanganisa iBandla, abantu.

93 Ndiyazi ukuba uthi, “Elo lihlelo lam.” Mzalwana, uyaphazama! UYohane weza njengenkqubo yomntu omnye ukuza kwazisa uMntu Omnye: uYesu Kristu. Kwaye u-Eliya akasayi kuba yinkqubo, iyakuba yindoda, uYesu watsho njalo. Iyakuba yindoda enye ethanjiswe nguMoya oyiNgcwele. Kwaye akasayi kwazisa nabaphi na abathathu okanye abane oothixo, uyakwazisa oMnye: iNkosi uYesu Kristu, kuba uMyalezo wakhe uyakushukumisa abantwana bePentekoste babuyele kuKholo looyise kwakhona.

94 Ukhumbule, mzalwana, ukuba ndithetha ezi zinto ukuba ndibe mbi, kufuneka ndibe sesibingelelweni. Ndikuxelela, “ITSHO INKOSI!” Ukuba uThixo akangqinelanga ndinixelele iNyaniso, kwisizwe jikelele, kwihlabathi jikelele, emva koko

ndixelele ukuba iphi impazamo. Ndinixelela iNyaniso! Buyelani kuThixo, ngokukhawuleza! Phumani kwezi nkqubo, kuba iBhayibhile yathi kwiNcwadi yeSityhilelo, ukuba ulawulo lwamaRoma eKatolika lwaluli "ihenyukazi," kwaye waye engu "unina wamahenyukazi." Yintoni leya? Iicawa, iinkqubo.

95 Kwaye lavela phi ibandla lamaWisile, livela phi ibandla lamaLuthere? Kuphi apho amaWisile, amaBhaptizi, ivela phi yonke imibutho? UThixo akazange enze mbutho ibandla. Inkonzo yamaKatolika yathi baqala phaya emva, "UYesu waququzelela ibandla." Ndifuna—ndifuna iphepha lembali, okanye iphepha eBhayibhileni. Akuzange kubekho mbutho iminyaka engamakhulu amathathu anesithandathu emva kokufa kompostile wokugqibela, emva koko baseka iBhunga laseNicaea benza umbutho. Kwaye xana uLuther waphumayo . . . wayeyindoda enkulu kaThixo, kodwa kwamsinyane nje ukuba emke, elaa qela lincinane labantu lawela laza laseka omnye umbutho. Waze uMoya oyiNgcwele waphuma phezu kukaJohn Wesley, akazange abumbe nanye into, kodwa emva kokuba emkile ngoko bahlanganisana. Waze uMoya oyiNgcwele wangena kunye namaPentekoste, baza baphuma kubuWisile. Kwenzeka ntoni? Emva koko *be*nza umbutho.

96 Kodwa kuyakubakho inkqubo yomntu omnye eya kuvela inamandla nentambiso ka-Eliya, ukuzalisekisa isiprofeto. Haleluya! Uya kuyishukumisa. Kwaye, khumbula, waprofeta kubo, kwaye waprofeta, wabaxelela zonke izinto, kwaye uThixo wasebenza naye. Kodwa uMyalezo wakhe wokugqibela wahlasela kwiWhite House. Uh-huh. Xa uYohane weza, uMyalezo wakhe wokugqibela wahlasela kwiWhite House yaloo mini. UMyalezo wokugqibela ka-Eliya, xa wayehamba esihla ngala ndlela ngala ntsasa emva kokuba seBukhoneni bukaThixo phaya phandle, wehla ngaloo ndlela eneenwele ezindala phezu kwakhe, intloko yakhe enempandla ikhazimla, amabhovu ephephezela, loo mehlo mancinane, amadala ayebengezela bubuqaqawuli bukaThixo. Laa ntonga isesandleni sakhe, neenyawo zakhe zizinzile njengoko bezinokuba nako. Wenza ntoni? Ukwehla kanye ukusuka eSamariya ukuya kubukho kwiWhite House, kwaye esithi, "ITSHO INKOSI!" Engoyiki nto. Amabandla ayemalile, abantu babemalile, ke ngoku unikezela ngohlaselo lwakhe lokugqibela, kwiWhite House.

97 Kwenzeka ntoni emva koko? Phulaphula! Emva kolo hlaselo, ilizwi lakhe lazola, akwabikho mntu wamvayo kwakhona. UThixo wamsusa kuloo ndawo, wathi, "Eliya, uwazisile uMyalezo wakho kuye wonke uSirayeli, baYawazi. Ngoku nyuka uze apha entlango, mka kubo, zahlule kuba kukho into eNdizakuyenza. Ndizakubabonisa ukuba yintoni na ukulahla uMyalezo waM." Kwangena ntoni? Imfazwe, indlala, ukulamba.

98 UTSHO UMOYA OYINGCWELE, "Jonga into ezayo! Jonga

into eza kulandela! Kwabakho indlala, ku*ya* kubakho indlala!" Owu, mhlawumbi kungekhona ngenxa yesonka, kodwa ngenxa yokuva iLizwi likaThixo neNyaniso Yakhe. Zonke iicawe ziyakubuthelana kwaye ziqhubele phambili zingene kanye ngendlela enye, njengokuba sele beginywe ngayo.

99 Wenza ntoni uEliya? Wafumana umthombo ofihlakeleyo, phezulu entabeni apho wafumana khona aManzi oBomi, izityhilelo eziNgcwele ezivela kuThixo njengoko wayehleli apho phantsi kwamandla kaThixo. Izityhilelo zingumthombo omncinane ofihlakeleyo, ngelixa abanye babelamba. Waza uThixo wabasikelela abakhonzi Bakhe (amahlungulu lawo), amphathela into etyiwayo ngelixa waye esusiwe ebantwini. Kwaye babephaya ezantsi belambele imvuselelo kwaye konke kuqhubeleka. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] "Asisavi kwakhona ngeemvuselelo zakhe e. . . Liphi ela geza lindala lihamba liqhushumbisa imibutho yethu? Liphi ngoku?" Babengazi. Wazitsalela kuThixo, waphumela kwindawo engasese apho babengaliva ilizwi lakhe. Emva koko baqala ukubona.

100 Xana uThixo ethumela uMyalezo aze axelele abantu, baze bangawamkeli Wona, emva koko Uyamsusa umkhonzi Wakhe, athumele izibetho Zakhe: indlala, ukufa (ukuthetha ngokwasemoyeni, ngokwasenyameni kananjalo). Ujonge uxinzelelo lwezomnotho, mzalwana. Ucinga ukuba ubone into oyibonileyo, linda nje emva kwexeshana. Akukaboni nto. Ucinga ukuba ufela imvuselelo elungileyo yokomoya, linda kude kube semva kwexeshana. Wena linda nje, ixesha elide kwaye ukhale ukuze uve iLizwi likaThixo. IBhayibhile yatsho njalo! "Kuya kubakho indlala ngemihla yokugqibela," wathi umprofeti, "kwaye ingekuko ngenxa yesonka namanzi kuphela, koko ingenxa yokuva iLizwi lenyaniso likaThixo." Kodwa elo lizwi liyakuzola, entlango ndaweni ithile, lifihlwe kude.

101 Wamisela amahlungulu, abakhonzi Bakhe. Zisikelelwe ezo ntaka, abakhonzi Bakhe, abagcina ilizwi lika—lika Eliya liphila ngexesha lakhe—lakhe lokubayedwa ebandleni. Amahlungulu amzisela inyama nesonka kusasa, nenyama nesonka ngokuhlwa, kwaye wasela kwiqula elincinane ngelixa bonke abanye ababephaya ezantsi babengenakutya kokomoya namanzi.

102 Emva koko ngenye imini, emva kokuba isono sithabathe inyathelo laso, waza uThixo wababeka emadolweni abantu Bakhe. . . UJezebhele wathabatha yonke into, wayisusa yonke, kwaye uyakuyenza kwakhona! Lowo ngu ITSHO IBHAYIBHILE KATHIXO ENGCWELE, "Uya kuyenza kwakhona." Usetroneni kanye ngoku, emva komkhokeli ongenagunya; ukuyijija nangayiphi na indlela afuna ngayo, akukho mntu uza kumnqanda. Ngokuqinisekileyo, akukho mntu uza kumnqanda ngoku, kuba into ababengenako ukuyifumana kwizangqa zenkolo bayisikele—bayisikele yonke kwezopolitiko,

kwaye bayenza apho. Uh-huh, yiloo nto kanye abayenzileyo. Ntoleyo, ezopolitiko ziya kuba kukukwaywa kanye kubuyela kuphawu lwerhamncwa, ngokuqinisekileyo njengoko ndimi apha, yabona, njengokuba iBhayibhile yatshoyo.

103 Ndiyazi ukuba sele kusemva kwexesha, ndiza kukhawuleza. Ndimelwe kukungenisa eli lizwi lokugqibela, ukuba iNkosi iyakundivumela.

104 Khangela! U-Eliya wahlala apho wade uThixo wamsusa. Wayengenazimvuselelo. Wayengashumayeli ngokuchasene nanto. Wema nje phaya phezulu noThixo yedwa, phandle entlango, kuba wayeyindoda yasentlango. Wakhuliswa entlango. Ngokunjalo noYohane wakhuliswa entlango.

105 Wemka waya entlango yedwa noThixo, wemka ebandleni emva kokuba ewunikile uMyalezo wakhe. Laze ibandla laWala, laWala. Kwaze ekugqibeleni imibutho ibingayi kwenza nto, ngoko nje kwafuneka ukuba ahambe. UThixo wamsusa embonisweni, wamkhuphela phandle entlango, wathi, "Phuma uze apha, abasayi kumamela kwakhona. Yiza ke, ngoko Ndizakubeka isigwebo saM phezu kwabo." Owu, ewe, uyakuba lapha ngolunye lwezi ntsuku, qaphela.

106 Ngoko, emva kwemihla yesiprofeto sakhe, kwenzeka ntoni? Ibandla latyhafa, ukoyikeka okukhulu kukaJezebhele, wabathabathela kuye bonke, wabaqweqwedisa bonke. Wabathabathela kuye, waza wakha imifanekiso eqingqiweyo nayo yonke enye into.

107 Kodwa, ngenye imini, uThixo wambiza kwakhona! Nanko ephuma. Mamela ngokusondeleyo ngoku, kwaye ungabinamsindo ngakum. Ndithi, "ITSHO INKOSI!" Wathi akuphuma, wenza ntoni uThixo? Wamthumela kumhlolokazi. Wakhe waba ne—nendoda enamandla phezu kwentloko yakhe, kodwa kwathatha ukufa ukumkhulula ukuze akholwe iLizwi lomprofeti. Uyayiqaphela loo nto? Wayenomyeni owayemkhokelela kweli cala nangaphaya, kwesinye sezikolo ezantsi phaya. Kodwa ngexesha lale mbalela inkulu, yayimbimbilizile, ukufa kwamthabatha. Wayengasabotshelelwanga nakowuphi na umbutho, ngoko wayekulungele ngoku ukuva iLizwi leNkosi. Umfazi, okuthetha iBandla; umhlolokazi, othe umyeni wakhe (umbutho) wayefile, kwaye wayengacingi ukuba uyaziphilela. Wathi uThixo, "Yihla uye kuye ngoku, wokuva, Ndimyalele."

108 Owu, sicinga ngamanye amaxesha, nina qela lincinane phaya lithembeke kakhulu kwaye nenze konke eninako ukuba nomhlangano, ukuzama ukubonisa abantu ukuba intliziyo yakho ilungile kwaye ufuna ukuba balunge, ucinga ukuba unexesha elinzima. Kodwa, khumbula, uThixo ubeke iliso Lakhe kuwe! UyaMthanda, ndiyazi ukuba uyaMthanda, ubungekhe

uhlale apha, ubungekhe uzimase nayiphi na into enjalo. UThixo ubeke iliso Lakhe kuwe. Ewe!

109 Kwaye wathi akwenza oko, umyeni wakhe wayefile, umbutho wakhe wafa, ke ngoku ulungele ukuva iLizwi lomprofeti. Ngoko xa umprofeti weza esangweni waza wamcela i—intwana yamanzi, waya kuwakha. Emva koko wathi, "Ndizisele iqhekeza lesonka."

110 Kwaye wajika wathi, "Njengoko iNkosi iphila, andinanto kuphela nje okwaneleyo."

111 Ngoku, kwakubonakala ngathi uthunyiwe ukuba athabathe loo nto incinane wayenayo, kodwa kwaba ngokuphambanayo. Xa wayekulungele ukunikela oko wayenako ukuxhasa iLizwi, uThixo wamondla. Kwaye ukuba ukulungele ukunikeza oko uMoya onawo, lowo Moya uThixo akunike wona ukuxhasa iLizwi, emva koko uThixo uya kukugcina uphila. Haleluya! Owu, uzuko kuThixo! Niyayibona, bandla? Ungacingi ukuba ndisecaleni kwam, andikho. Kodwa oko unako, oko kuncinci okukholelwayo kuThixo, olo kholo onalo, libeke eLizwini, hayi kumbutho! Libeke eLizwini likaThixo, Uya kukugcina uphila.

112 Wayesele elungile ngoko, kuba wayengenakukwazi ngaphambili, kuba babengenakumvumela. Kodwa ngoku ulungile. Ingaba uya kuyifumana? UThixo wathumela umprofeti ngendlela yakhe. Ingaba uya kulamkela iLizwi lakhe? Ingaba uya kumamkela lo mprofeti? Ewe, wenjenjalo. Kwaye wamxelela, wathi, "Ngoku, obu bomi buncinane onabo, bubeke apha, buzise kum kuqala." Kwaye kwenzeka ntoni? Xa lonke ihlabathi lalityhafile kwaye lisifa yindlala, yena nabantwana bakhe nendlu yakhe batya izidlo ezimnandi kathathu ngemini, Isityhilelo esingcwele kwiLizwi. Ndiyathemba ukuba niyayibona, zihlobo.

113 Kwenzeke ntoni? Wahlala phaya yada yaphela indlala, ehlala nalo mfazi (eli Bandla) elamamkelayo lakholwa liLizwi lakhe. Kwaye wamgcina ephila (waligcina liphila iBandla) ngeLizwi leNkosi, ngokuba wathi "ITSHO INKOSI."

114 Ngoku, asinalo ixesha lokuthabatha lonke ibali, niyazi, indlela awayeza kuqubisana ngayo noBhahali. Uyakuyenza, ngolunye lwezi ntsuku, ungabi naxhala. Xa esiza ephuma kuloo ntlango, khangela ukuba kwenzeka ntoni na.

115 Kwenzeke ntoni? Ngoko xana olungileyo, omdala u-Eliya, umprofeti, umkhonzi wenene kaThixo, wafika esiphelweni sendlela yakhe, UThixo wamxelela, ngenye imini, wathi, "Eliya, ushumayele ixesha elide ngokwaneleyo ngoku. Umlwile uJezebhele nayo yonke ipeyinti yakhe nayo yonke into wade wonela yiyo." Wathi, "Yihla uye eYordan!" Kwaye nanko ehamba, wehla waya eYordan. Apho umlambo omdala onodaka usihla ngaphaya, amanzi abandayo, anomkhenkce, njengokuba wonke umntu emelwe kukujongana nawo: iJordan, ukufa.

116 Kodwa xa esi sicaka sikhulu sikaThixo sehlayo ukuya eYordane, kwaye unyana wakhe ehamba ngakuye, unyana weVangeli, . . . Owu, ewe, wayengunyana wakhe, “Bawo, bawo, inqwelo zokulwa zakwaSirayeli, abamahashe ayo.” Xa yena nonyana wakhe bahamba bebambene ngengalo, behla besiya eYordane, wayebukele uyise ehamba ngaloo ntsasa.

117 Wehla waya eYordane, wolula isandla sakhe wayithabatha emagxeni akhe ingubo yamandla, wathi, “Kufa, awunakwenza nto kum.” Wayibetha iYordane, “Suka, ndiyawela ngale ntsasa.” Kwenzeke ntoni? Abuyela umva aze oma okomgubo. Wayesenza ntoni umprofeti omdala? Wayejonge ngapheshеya kweYordane, wayesazi ukuba kukho inqwelo yokulwa emlindileyo phaya namahashe. Wayegoduka, umsebenzi wakhe wawuphelile. Unyana wakhe kwiVangeli wayethatha indawo yakhe.

118 Bendisiza ekhaya ngenye imini ndivela eNtshona. Oku kuza engqondweni yam. Ndavula unomathotholo (kwafuneka ndiqhube iintsuku ezintathu, amashumi amabini anesine amakhulu eemayile, ndindedwa). Ndavula unomathotholo ndaza nda . . . ukuva ingoma zomoya eziphuma eDel Rio, eTexas. Kwakukho indoda eyayithetha ngendoda endala, entsundu, indoda yenegro. Yayilungiselela ukufa kwaye kwafuneka ihle iye emlanjeni, yathi, “Loo maxabashishi egolide endizakuwanxiba, ukuhamba kwizitrato zegolide.” Eli negro lidala lalishumayele ubomi balo bonke kwaye into ekuphela kwayo elalinokuyicinga yayiyintuthuzelo, elalinayo, yayiyikitari yakhe yebhanjo endala eyayixhonywe eludongeni. Lahlala phandle kwiibhali zomqhaphu wadlala amaculo, waziphumza kubulungiseleli bakhe, ngebhanjo endala. Leyo yayiyindlela awayenayo, ukuphumla. Yathi ihashe elidala elinomsila omfutshane awayedla ngokuliqhuba liyakuba phaya ezantsi nenqwelo. Bendicinga ngabo. Yathi, “Loo maxabashishi egolide endizakuwanxiba, ukuhamba kwizitrato zegolide.”

119 Wathi akugqiba ukucula, ndacima unomathotholo. Kwaye ndandihamba phaya, ndibambe ivili. “Owu, injalo loo nto. Ndimele ndehlele phaya nam. Yintoni ekhe indithuthuzele? Ndiyifumana phi intuthuzelo yam entlango?” Ndinompu wokuzingela omncinane, omdala obizwa . . . Ndizingela ngawo ekwindla lonyaka. Yiyo .270, imodeli 721, Remington. Indoda, mzalwana, wandinika wona, eCalifornia, kwiminyaka eyadlulayo. Ndizingele ngawo iminyaka ngeminyaka. Njani . . . ibinjani intuthuzelo, kuba ndi—ndiyazi ukuba ngumpu olungileyo wokudubula, kwaye yintuthuzelo yam entlango.

120 Emva koko ndacinga ngombono wam. Ndithe xa ndifika apho ndabona bonke abantu bam, ndeva into incwina, kwaye naku kusiza uPrince wam omncinane (ihashe lam elincinane elinesali) labeka intloko yalo egxalabeni lam. Ndacinga, “Ewe, ngenye yezi ntsasa nam ndiyehla, ndiye eYordane.” Kwaye endala .270 endandidla ngokuyenza . . .

ijinga eludongeni. Andizange ndibe nayo phantsi ukususela kukwindla oludlulileyo. “Elahashe lincinane lesali, endandidla ngokulikhwela, uThixo uyakulibophelela enqwelweni yam, ngaloo ntsasa xa ndisihla ndiye emlanjeni.” Liya kuba limi nje ngapesheya komlambo phaya. UThixo uyakumthuma, ndambona ngobunye ubusuku. Uyakubotshelelwa kwinqwelo yam, ngenye yezi ntsasa. Ndiya kube ndimkile, ndinyuka ndiphumela emafini.

Masithandaze.

121 Owu, kula mandla kaThixo ndiyakuwonwabela njengoko ndihamba kwezo zitrato zigolide! Ehe, umpu omdala ngoku ujinga eludongeni, awusayi kuba namsebenzi wawo ngoko. Ndiyamangaliswa, ukuba inqwelo yam yokulwa ingafika na, ukuba ihashe lam elincinane elinesali endalibona embonweni liyakube libotshelelwe enqwelweni yam, ngaloo ntsasa, ndimi ezantsi emlanjeni. Ndiyathemba ukuba liyakube. Ndifuna ukuxhilwa. Ndifuna iBandla linyuke ngolo hlobo nalo, ndifuna nonke ngabanye.

122 Ingaba ungathanda ukwazi xa usihla uye eYordan? Ingaba uyakuzishiya ezi nkqubo zingenabuthixo zeli hlabathi uze wamkele uYesu Kristu njengoMsindisi wakho? Ukuba awungomKristu, ungaphakamisa izandla zakho uthi, “Ndithandazele, Mzalwana uBranham. Xa ndifika eYordane, . . . ”? UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. “Xa ndisehlela eYordane, Ndifuna ukuthabatha amandla kaMoya oyiNgcwele phezu kwam ndibethe amanzi abandayo, ndihambe ndinqumle.”

123 Ningáthini na ukuhlala phantsi kwentetho enjalo, ethanjiswa ngoMoya oyiNgcwele, kwaye nisazi ukuba uMoya oyiNgcwele undixelela imeko yenu, nize nisilele ukusiphakamisa isandla senu? Ibonisa ukuba lixesha lohambo lwasentlango! Ingaba kukho omnye phambi kokuba sithandaze, omnye? Kukho ababini abaphakamise izandla zabo; ntathu, uThixo akusikelele, nyana.

124 Bawo wethu waseZulwini! Abathathu; iyakumangalisa loo nto, Nkosi, ukuba banako—balapho kanye ngaloo mini. Ndiyathandaza ukuba babe njalo, Nkosi. Baphakamisa izandla zabo ngenxa yokuba beyisekile ukuba ezi nkqubo zehlabathi ziyafa, kwaye amazwi eLizwi likaThixo ngokukhawuleza aya kuba yinto enzima ukuyifumana, uThixo uyakuyisusa ebandleni. Isikhalo, ubizo loMyeni luyakuhamba ngokukhawuleza kwaye inkqubo kaJezebhele iyakulithomalalisa. Kodwa bafuna ukuba ne . . . phila ngaloo mthombo ufihlakeleyo njengokuba u-Eliya wayeza kulondolozwa ngexesha lendlala. Thixo, baphe uMoya oyiNgcwele ngoku, gcwalisa iintliziyo zabo ngovuyo noxolo, kwaye ubeke iingqondo zabo phezu kweLizwi likaThixo

ukuze babe nokuphila ngoku nasemva koku, ngonaphakade. Basikelele, Bawo. BangaBakho, ngoYesu Kristu iNkosi yethu.

Ngeentloko zethu zithotyiwe:

125 Abo baphakamisa izandla zabo kwaye befuna ukwamkela uKristu, ungama nje ngeenyawo zakho, okomzuzwana nje, ngeli thuba ndinithandazelayo? Phakama nje ume ngeenyawo zakho.

126 Thixo, ingaba ndisilele na? Kwa nabathathu abaphakamise izandla zabo, abanakugwebeka ukuba baphakame beme ngeenyawo bamkele kanye loo nto bayenzileyo. Nkosi Yesu, ndinikela konke ezandleni Zakho. Ndilishumayele iLizwi Lakho, kwaye andenzelelanga nanye. Ngoku ndi—ndiyishiya nabo indlu Bawo. Yenza nantoni na efanele ibandla kunye nesicaka Sakho, konke kusezandleni Zakho.

127 Bawo, ndiyathandaza ukuba Uyakusindisa abalahlekileyo, gcwalisa abantliziyo ilambileyo ngezinto ezilungileyo, banike uBomi obunguNaphakade abo banxaniweyo, vusa abakhonzi Bakho, bavakalise uMyalezo, nika impiliso kwabagulayo nabaxhwalekileyo, Zizuzele uzuko, kuba ndizibophelele ngeLizwi Lakho. Kwaye esandleni sam, nasentliziyweni yam, nasengqondweni yam, bhala iMithetho Yakho, ngoYesu Kristu iNkosi yethu. Amen.

Xana ndifika emlanjeni ekupheleni kosuku,

Andifuni kucula okuya.

Kwaye kubonakala ngathi abahlobo bam bonke bemkile;  
Kuya kubakho Mntu uthile olindileyo oza kundibonisa indlela,  
Andiyi kuwela iYordane ndedwa.

128 Ingaba uwakhuphile amakhadi omthandazo, Bill? Ndiziva ndisindwa. Ukhuphe ntoni namhlanje? B? Ukhuphe oo-A, akunjalo? Kulungile, biza oo-B kuqala, omnye uye. . . Ikhadi lomthandazo B, inombolo yokuqala. Siza kuthandazela isigulo sakho. B, inombolo nye, ngubani onayo? Ikhadi lomthandazo B, inombolo nye, umntu othile emva phaya. Nyukela apha, nkosazana. B, inombolo mbini, phakamisa isandla sakho. Ela nenekazi? Inombolo ntathu. B, inombolo ntathu, ungasiphakamisa isandla sakho nceda, ukuze ndibone apho. Ntathu? Inombolo isine, B, inombolo isine. B, inombolo ntlanu. Ungasiphakamisa isandla sakho nceda? B, inombolo ntlanu. Laa ndoda? Kulungile, isithandathu, isixhenxe, isibhozo, isithoba, ishumi, ishumi elinanye, ishumi elinesibini, ishumi elinesithathu, ishumi elinesine, ishumi elinesihlanu. Ke, apha, bonke oo-B mabaphakame, nakanjani na. Nje. . .

Oko. . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . baya kulo lonke ihlabathi, yonke imishinari entsimini, naphina apho banakho.

129 Onke amakhadi omthandazo B phakamani nithathe indawo yenu ngokwenombolo zenu.

Ngoku, yayiyintoni elilandelayo? A? Ngubani onekhadi lomthandazo elingu-A, isinye? A, isinye, iphi? Ngokuqinisekileyo lilapha. A, isinye? Ebekutshwe kwiintsuku ezimbini, okanye ezintathu ngoku, ngoko bangangabikho apha. Nonke eninekhadi lomthandazo elingu-A, ngoku yimani umgca ngapha. Yiya kanye ngaphaya eludongeni, ngentlonipho.

130 Ndifuna ukuthetha nani ningenawo kwamakhadi omthandazo, umzuzu nje phambi kokuba umgca uqalise.

131 Ngoku, kunye nekhadi lakho lomthandazo, libambe ezandleni zenu ukuze amakhwenkwe abe nokufumana ikhadi lakho lomthandazo. Ubulindile, uze kwangethuba ngorhatya ukuza kuthatha ikhadi lakho lomthandazo, kwaye unelungelo lokungena emgceni. Ndikuthembisile, ukuba ndizokuthandazela. Ngoku ndiza kuzama ukugcina isithembiso sam, uThixo endinceda.

132 Yinkwenkwe yakho encinci leyo? Intle kakhulu indoda encinci. Nceda ndixolele. Lo mfazi apha luhlobo olulungileyo lomntu weMelika yokwenene. Inkwenkwe yakhe encinci, ii-ovaroli ezincinci kunye nebhatyi enemigca. Umfazi osemtsha oneenwele ezinde, unxibe kakuhle. UThixo amsikelele yena nekhaya lakhe, nomyeni wakhe, abathandekayo bakhe. Le yi-U.S.A. yokwenyani leyo, kunye "inkolo yamaKristu" kubhalwe ngaphezulu kwayo. Makube njalo ixesha elide kwimihlaba yethu! Ndixolele, nenekazi elincinane, ngokuthetha oko, kodwa ndivele nje. . .ukuze abantu babone into endicinga ukuba ikhangeleka ngathi ngumKristu; akukho kuqatywa kweenzipho, yintoni na into, nje nenekazi.

133 UThixo akusikelele, Mzalwana uSullivan.

134 *UGqirha oMkhulu,* ukuba uyathanda.

> UGqirha oMkhulu ngoku ukufuphi,
> UYesu onovelwano;

135 Uyakholwa kuYe? Uyakholwa ukuba UnguGqirha oMkhulu? Ngoku yibani nentlonipho okomzuzwana nje. Sinexesha elincinci, ndiwunqumle kancinci umyalezo. Ndiyathemba ukuba niwufumene, nangona, oko kwakuthethwa. Kholwa nje ngentliziyo yakho yonke. Xa befola bonke, kubekho umntu osemva oza kufolisa abantu. Kulungile? Uthini? Ngoku bonke abanamakhadi omthandazo bamile.

136 Uyakholwa phaya phandle, kananjalo, ngaphandle kwamakhadi omthandazo? Ukuba unokholo, uThixo u*ya*kukubiza. Ngoku, onke amakhadi omthandazo emgceni.

137 Laa ntombazana incinane ihleli phaya emva, inomlenze ombi, apha phezulu kule nto. . .Uyakholwa ukuba uThixo

uyakuyenza iphile? Ukuba wenza njalo, yiba nokholo kwaye uThixo uya kukunika lona.

138 Ucinga ukuba utata wakho ogulayo uza kuphila? Uyakholwa, ungayifumana.

139 Malunga naphi nawe phaya phandle, uthandazela umtshana wakho onengxaki yovalo? Ucinga ukuba uThixo uya kumphilisa? Nenekazi, elihleli phaya phandle, ukuba uyakholwa, ungayifumana.

140 Niza kukholwa nonke?

141 Ngoku ndiyafuna. . .Bangaphi abazalwana bam abalapha, abashumayeli beVangeli, abashumayeli beVangeli Egcweleyo okanye nokuba bayintoni na, abakholelwa kwimpiliso eNgcwele? Phakamisani izandla zenu. Ndingathanda ukuba nize apha nindincede ndithandazele aba bantu, ukuze abantu babone ukuba ayindim nje othandazela abantu, nani ninako. Yizani apha kwaye nime eqongeni kunye nam. Ningavuma na, bazalwana, nina balungiseleli? Yizani kanye apha kwaye nime kanye eqongeni. Ilungile lonto. Ndiyabulela, bazalwana. Enkosi. Yizani ngaphambili, bazalwana, yizani.

142 Uthini? [Umzalwana uthi, “Ingaba singenza umgca ophindwe kabini apha?”—Mhl.] Ewe, unako. Yenza umgca ophindwe kabini kanye apha, kuyakulunga. Ilungile lonto. Ngoku jika ngapha, mzalwana. Jika ngapha ngale ndlela, ndiza kubazisa abantu kanye apha. Ngoku abanye benu yimani kweli cala lam, kanye apha ngaphakathi, ukuba niyathanda, yimani nijikeleze ngapha. Yiyo leyo.

143 Ngoku, kubaphulaphuli, niyawabona la madoda alungileyo apha? Ngamadoda ayakuma kanye apha, amele le Vangeli inye ndiyishumayelayo. Yabona? Beza apha kuba bayakholwa kuYo. Ngoku ufanele ukuba nebhongo ngomalusi wakho oyakuzibonakalisa kweli qonga lilapha, enzima, enamandla intshumayelo. Lana ngamadoda anesityhilelo, akwaziyo ukuba. . .hayi mna ngokuchasa amadoda, ngamanye amaxesha siye sibambeke kwiinkqubo ezisenzayo. . .Ezo nkqubo yinto esichasene nayo; hayi indoda, umkhonzi kaThixo.

144 Ngoku, ukuba besinocalulo laye wonke umntu olapha, ucinga ukuba ndingahlala ixesha elingakanani ndilapha? Bendiyakuwa xana ndifumana malunga. . .emva kwesithandathu, isihlanu okanye isithandathu, ishumi; kancinci ngakumbi, mhlawumbi isiqingatha, ikota yomgca, ngendimkile, bonke abanye bebengayi kuthandazelwa. Asinakuyenza loo nto. Kwaye njengoko. . .kodwa akufuneki ube nayo. Uyazi ukuba yintoni ingxaki yakho. Uyayazi into oyenzileyo, ngoku zivume izono zakho. Ukuba nabani na kuni phaya phandle unendawo enye yentandabuzo entliziyweni yakhe, yikhuphe ngoku kwaye uxelele uThixo ukuba akuxolele. Ukuba awulungile kuThixo, xelela uThixo ukuba akuxolele. Ukuba awenzi njalo, kwaye

awulunganga kuThixo, ayizukunceda nakancinci into yokuza apha. Uchitha nje ixesha lakho. Oko Yinyaniso. Ngoku, ingaba kunjalo, bazalwana? Injalo lo nto.

145 Jonga apha. Nanku emi uMzalwana Kidd apha. Ndaphantse ukukrazula amatayara emotweni yam ukuya kuye, malunga nonyaka okanye emibini eyadlulayo, ukuya . . . Wayesifa ngumhlaza, wayeza kufa ngaloo mini. Unkosikazi wakhe wandixelela, wathi, "Khawuleza!" Wathi, "Uyafa ngoku." Ndathi ndakufika apho, iNkosi yamphilisa. Kwaye nanku esamile. Ndicinga ukuba uzuze *obungako* ubunzima kwaye yonke into. Igqala elidala, emva, uyazi. Yayiluhlobo lwendoda endandithetha ngayo, kwiminyaka eyadlulayo, eyayishumayela; wabeka kanye kwelo Lizwi, baza abantu bamhleka. Kwaye yena nenkosikazi yakhe behamba kwiziporo zikaloliwe nayo yonke enye into, kwaye kude phezulu ezintabeni, nemigodi yamalahle, babaleka, baphoswa entolongweni, nayo yonke enye into. Nantso indoda eyalwelwa ukuphumelela ibhaso, lolo hlobo.

146 Ngoku, bazalwana, ndithi kuni, mhlawumbi aningekhe nibe nawo umoya wokucalula. Akunyanzelekanga ukuba ibe njalo, yabona, oko—oko akuyomfuneko. Into yokuqala, ningamadoda eLizwi. Ningcono kakhulu, umshumayeli ngakumbi kunam, ngokuba a—andingomshumayeli kangako. Kodwa ndi . . . kodwa nina ni—nithanjisiwe, nawuphi na umntu obizelwe ukushumayela iVangeli ubizelwe ukuphilisa abagulayo; imiyalelo jikelele yile: "Hambani niye kulo lonke ihlabathi nishumayele iVangeli kuyo yonke indalo. Lowo ukholiweyo wabhaptizwa wosindiswa. Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo phezu kwemilwelwe," njalo njalo, "baya kuphila." Ukuba ubizelwe ukuba ngumlungiseleli, ubizelwe ukuthandazela abagulayo.

147 Kwaye isizathu sokuba ndenze oku kukuba ukuze aba baphulaphuli . . . ukuze babone ukuba akufuneki balinde umntu okhethekileyo, U-Oral Roberts, uTommy Hicks, uTommy Osborn, mna, umntu othile ozela inkonzo yempiliso. Ndifuna babone ukuba ningamadoda kaThixo. Yabona? Uyindoda . . . Nje ilungelo elingako lokubeka izandla nakweyiphi na kubo nje—njengam okanye nabani na. Ngapha koko, bazalwana, nonke niyazi, nje—njengabalungiseleli, lukholo lwabo kuThixo olwenza umsebenzi. Ingaba oko kunjalo? Sinikeza nje umthandazo ukwenzela bone.

148 Ngoku uthi, "Mzalwana uBranham, ingaba uMoya kaMoya oyiNgcwele unawe?" Ngokuqinisekileyo. Ewe, mhlekazi!

149 Ngoku kuwe kubaphul- . . . emgceni apho, ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke ukuba uThixo uyakukuphilisa, phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndiya kuyamkela."

150 Ngoku, yiza apha, vumela oku—vumela eli nenekazi apha. Andikwazi, andizange ndakubona. Ukuba uMoya oyiNgcwele uya kundixelela, ukuze abazalwana bam apha, ebukhoneni apha ngolu hlobo, ngoko bonke bemi apha bandijikelezile. Hayi kuphela oko, abazalwana bam balapha, neNkosi yam ilapha. YiNkosi yabo, nayo. Ngoku, ukuba Uyakundixelela into engalunganga ngawe, nantoni na engalunganga kuwe, uya kuyazi ukuba yinyaniso okanye hayi. Ndiyabafuna, ndifuna abaphulaphuli, Ndifuna abantu phaya babone ukuba uMoya oyiNgcwele ulapha eqongeni ukunika ukucalula, kodwa loo nto ayiphilisi mntu. Kodwa ukuba Uyakundixelela into ethile ngawe, owaziyo ukuba akukho nto ndiyaziyo ngayo, kanye njengokuba yayiyinkosikazi equleni. . .Hayi uhlobo olufanayo lwemeko, kodwa ndithetha ukuba indoda nomfazi badibana okokuqala. UYesu, uhlobo lwendoda eneminyaka ephakathi, kwaye lo mfazi mhlawumbi wayelibhinqa eliselula, mhlawumbi njengawe.

151 Kwaye ukuba Uyakuyenza, angandixelela ukuba uzele ntoni apha, ingxaki yakho, ungakholwa ukuba iyakuba nguMoya Wakhe oyakuyenza loo nto? Niyakukholelwa oko bazalwana? Ukuba kwa iNkosi uYesu imi apha? Nina baphulaphuli nikholelwa kwaloo nto inye? Ungakholelwa kwa nto inye wena usemgceni wokuthandazela, kwaye uyazi ukuba la madoda. . .? Ingaba ndingababiza apha xa bendicinga ukuba abekho. . .? Emva kokushumayela ngolu hlobo, nokuthetha izinto endizithethileyo, ndize ndibize amadoda apha ebengafanelekanga? Bendingayi kuyenza loo nto. Bendiyakuba ndoyisa kwa loo nto inye bendisilwela yona. Yabona? Ndiyakholelwa kuwo. Ndiyakholelwa ukuba angamadoda kaThixo.

152 Ngoku khangela ukuba uMoya oyiNgcwele umi ngokusondeleyo na. Ukuthetha nje nawe, ndiyazama. . . Uthi, "Wenza ntoni, Mzalwana uBranham?" Kwa into enye uYesu wayenza nomfazi, wathi, "Ndizisele Ndisele," Wayezama nje ukuthetha naye umzuzu, afumanise ukuba yintoni ingxaki yakhe.

153 Ingxaki yakho kukuphakuzela, yiloo nto ubandezeleka yiyo. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Ngoku, ngokuqinisekileyo akakhangeleki, akunjalo, bazalwana? Akanjalo, kodwa yiloo nto ingxaki yakhe. Ube engaloo ndlela ixesha elide. Uhlala uwela iibhulorho zakho phambi kokuba ufike kuzo, njalo njalo. Yinyani leyo. Kukwenziwa kwakho, wenziwe nje ngolo hlobo, uvalo; usoloko ucinga ukuba kukho into eza kwenzeka, ayenzeki. Ngamanye amaxesha umtyholi uyakuxelela, "Akukho nto kuYo, nguwe nje ukreqileyo, ungaphaya komgca." Andifundi ngqondo yakho, kodwa ndifunda ukuba yintoni. . .Ndiyayazi into athethe ngayo kuwe, kuba ndiyabona ukuba yintoni na ethi qatha engqondweni

yakho.

154 Ngoku, uYesu wazibona iingcinga zabo. Ingaba kunjalo oko? Ke, yile nto yenzekileyo ngoku. Ingaba oko kunjalo? Apha, mandikuxelele into, ukuze wazi. Umele ngenene omnye umntu apha. Injalo lo nto. Leyo yinto, uyabona, ubungenakuyibamba kude kube ngoko. Ngoku, ukuba iNkosi iyakutyhila kum into oyimeleyo apha, ukwenzela omnye umntu, uya kundikholelwa ukuba ndingumprofeti Wakhe? Yenzelwe umama wakho. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba yintoni ingxaki yakhe? Ke, unengxaki yentliziyo, uxinzelelo lwegazi oluphezulu, inyongo, iingxaki. Kulungile, akunjalo? Yabona? Ngoku, nguMoya oyiNgcwele lowo, akunjalo?

155 Ngoku, kukho into ethile apha kum nakwaba bazalwana. Yabona? Into ethile apha ngoku, uMoya oyiNgcwele. Ngoku, uyakholwa; wena, njengoko sidlula emgceni.

Masithobe iintloko zethu sonke ngeli thuba sithandazela aba bantu.

156 Ngoku, Bawo waseZulwini, sizakubeka izandla kwaba bantu. Kwaye ndiyabathandazela ngoku. Nazi izicaka Zakho zasebukhosini zimi apha, kwaye sonke sizakubeka izandla phezu kwabagulayo, ngokuba Wena uthe yenze. Sizakuyenza eGameni likaYesu Kristu. Banga abantu bangangatsali nje baphumele, kodwa banga bangaphumela bephilisiwe ngeGama likaYesu Kristu. Amen!

157 Inkosi inisikelele. Ngoku hamba ngokusondeleyo.

EGameni leNkosi uYesu, philisa . . . EGameni leNkosi uYesu, philisa umzalwana wam. EGameni leNkosi uYesu, philisa udade wethu.

158 Ngoku, nje—nje umzuzu! Yabona! Mzalwana nodade, kutheni uvuya xa laa mfazi, xa kuthe kwabakho ukucalulula, kwaye xa abanye besiza akukho nto yenziweyo? Abantu bayadlula, “Ke, ukuba andinjalo, ndinokucalulula, ke, ngoko andifumananga nto.” Loo nto ayinanto yakwenza nayo, Ulapha ngokufanayo. Yabona?

159 Xa udlula apha, yiza uphakamise izandla zakho, uthi, “Enkosi, Nkosi Yesu. Ndiyakwamnkela Wena njengoMphilisi wam, kwaye ndiyahamba nje kunye nayo. Omnye wala madoda uza kundibhaptiza, mna ndisiya kanye equleni lamanzi ndize ndibhaptizwe, kwaye ndiphume kwaye ndazi ukuba Uthembisile ukuba ndiyakwamkela uMoya oyiNgcwele.”

160 Yibone, i . . . Ucalulo luselapha. Luselapha, ngokufanayo nje . . . Apha, loluphi? Le ndoda apha? Ndingowasemzini kuwe. Ndim, mhlekazi? Andikwazi. Ingaba . . . ukuba uThixo uyakundixelela ukuba yintoni ingxaki yakho, uyakundikholelwa ukuba ndingumprofeti Wakhe, umkhonzi Wakhe? Uya kukwenza ngentliziyo yakho yonke? Kulungile,

mhlekazi. Enkosi mhlekazi. Ngumoya omhle kakhulu lowo, into entle kakhulu. Ngapha koko, umele omnye umntu apha. Injalo lo nto. "Ngumzukulwana wakho, unepoliyo, wawa ngenye imini kwaye waphuka umlenze," lowo ngu ITSHO INKOSI! Ingaba oko kunjalo? Injalo lo nto! Hamba kwaye ukholwe ngoku, kwaye uyakuphila.

161 Ngoku, yiza ukholwa, wonke umntu, yiza nje. [Umgca womthandazo uthatha imizuzu emithathu kunye nemizuzwana engamashumi amathathu anesibhozo, amazwi amaninzi kaMzalwana uBranham akacaluleki—Mhl.] . . .?. . .

Malisikelelwe iqhina elibophayo
Iintliziyo zethu kuthando lobuKristu;
Ubudlelwane bengqondo ehlobeneyo
Ifana naleyo ingeNtla.

Apha phambi kweTrone kaBawo wethu,
Siwuphalaza umthandazo wethu onyanisekileyo;
Uloyiko lwethu, amathemba ethu, iinjongo zethu zinye,
Intuthuzelo yethu kunye nenkathalo yethu.

162 Simi ngaphaya, abancinane bakaThixo, abantwana abakhubazekileyo, abaziimfama, abajijekileyo. Balungiseleli beVangeli, niyazi ukuba asinawo amandla okuphilisa. Kodwa iNkosi yethu eNkulu uYesu Kristu ithumela le miqondiso, kwaye igwebe umtyholi lowo ukubophileyo. Siyamgweba umtyholi . . .?. . . Siyabugweba ubumfama . . .?. . .

163 NgeGama likaYesu Kristu uNyana kaThixo, sicela ukuba uThixo abanike ukholo lokukholelwa ukuba umthandazo wokholo ubasindisile abagulayo, kwaye uThixo uya kubavusa, kwaye baya kuphila kwakhona. Siphe oko, Thixo Onamandla onke, ngeGama likaYesu Kristu.

164 Ngoku, nina bazalwana hambani nimke apho . . .?. . .

165 Nonke abanye yibani semthandazweni ngoku, ngeli thuba si . . . abalungiseleli bayabathandazela, nabo, ngoku. Siyathandaza, sibeke izandla.

166 Bawo oseZulwini . . .

Kuni phaya ngaphandle kubaphulaphuli abangazange bangene emgceni wokuthandazela, bekani izandla zenu omnye komnye ngoku. Beka izandla phezu komnye.

167 Bawo wethu waseZulwini, siKuzisela aba baphulaphuli Njengoko sivala le nkonzo kunye neli phulo phantsi kwebhanile kaYesu Kristu, uMbingeleli oMkhulu othanjisiweyo kaThixo, u-Imanuweli, emi, evukile kwabafileyo, ehlala ephila ukuze enze izibongozo; UBukho Bakho obukhulu ngoku bukunye nathi, Amandla aKhe angcwele phezu kwethu ukuze asenze sibone imibono, siprofete, sibeke izandla phezu kwabagulayo. ILizwi

likaThixo elingasileliyo alinakuze libuyele kuYe lilambatha. Ndigweba wonke umtyholi wokugula, onke amandla esono, konke ukungakholwa, eGameni likaYesu Kristu, yanga ingachithakala ingabikho ebantwini, baphile.

168 Sikelela aba bazalwana bangabalungiseleli, Nkosi, njengokuba behlanganisene ngantliziyo-nye, namphefumlo mnye, nawo onke amakholwa ebandla. Owu Thixo onaMandla onke, kule inkulu iMiddletown, e-Ohio, thumela imvuselelo emva koku, Nkosi, eyakutshayela ngapha nangapha, ukuhlangana kwamathambo, Nkosi, nemisipha yofele. Kwaye anga amandla kaThixo angaphakamisa ibandla elinamandla elimanyeneyo apha kwesi sixeko eliyakutshayela, umzekelo webandla, konke ukunqamleza kwisizwe, ukuze abantu babe nokungena kwesi sixeko ukuze babone amandla kaThixo. Siphe oko, Nkosi. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo, sindisa abalahlekileyo, uze Uzifumanele uzuko.

169 Siphe, ukuba zonke ezi tshefu kunye neepasile ezincinci ezilele apha. . . Ndiyathandaza, Nkosi, ukuba uMoya oyiNgcwele uphezu kwethu, nakwesi sakhiwo usithambise, wanga ngamnye kubo angaphila. Kubhaliwe eBhayibhileni ukuba xa uSirayeli wayesendleleni yomsebenzi, endleleni yabo eya kwilizwe ledinga, ukuba uLwandle oluBomvu lwangena endleleni. Kwaye omnye wababhali wathi, “UThixo wakhangela ezantsi kuloo Ntsika yoMlilo lwaze uLwandle oluBomvu loyika lwabuyela umva, waza uSirayeli waya kwilizwe ledinga elalithenjisiwe.”

170 Kwaye ngoku, kuseBhayibhileni, kubhaliwe kwathiwa, “Ndingathanda ngaphezu kwazo zonke izinto ukuba uphumelele empilweni.” Kwaye xana ezi tshefu zifikileyo ebantwini, apho uSathana ebebeke uLwandle oluBomvu phambi kwabo, wanga uThixo angakhangela ezantsi ngeGazi loNyana Wakhe, uYesu Kristu, kwaye agwebe sonke isigulo kwabo bangabanganako ukufika apha; kwaye sanga isigulo singemka kwaye siloyike iLizwi likaThixo nedinga likaThixo nentambiso kaThixo, kwaye banga abantu bangawelela kweso sithembiso silungileyo sempilo entle nokomelela. Siphe oko, Nkosi. Kwaye sikunikela konke kuWe, eGameni loNyana Wakho othandekayo, uMsindisi wethu uYesu Kristu. Amen.

171 Baphulaphuli, kuLowo usaziyo sonke, kuLowo owasivusayo ukuba sibe lilifa Lakhe ehlabathini, ebandleni Lakhe, zanga iintsikelelo zikaThixo ezityebileyo zingaba phezu kwenu nonke side sihlangane kwakhona. Inkonzo yethu elandelayo, sisazi, iyakuba semnqubeni, ngentsasa yangeCawe, kusasa ngeCawe yePasika. Emva koko ndiya. . . ngaphaya e-Illinois ukusuka apho. Nisikelelwe, ninyamekele amabandla enu, niphathe la mabandla alungileyo, bambani iintliziyo zenu kunye. Hlalani kwiLizwi likaThixo! Philelani Yena, kuba izinto ezoyikekayo ziphambi kwenu, khumbulani oko!

172 Side sidibane, masime sicule:

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba waNdithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKhalvari.

173 Ngoku, ngentlonipho, xhawula izandla nomntu osemva kwakho, phambi kwakho, nasecaleni kwakho.

NdiyaMthanda . . .

Wonke umntu ngoku.

. . . NdiyaMthanda
Ngokuba waNdithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKhalvari.

174 Ngoku ngezandla zenu ziphakamiselwe kuThixo, ngokukhwaza ngenene ngoku, wonke umntu makakhalise.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba waNdithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKhalvari.

175 Masithobe intloko ngoku.

Side sihlangane! side sihlangane!
Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu;

Khumbulani, abaninzi bethu abasayi kuphinda bahlangane kude kube ngoko.

Side sihlangane! side sihlangane!
UThixo abe nani side sihlangane kwakhona!

176 Ngoku yingqumshele. Umalusi wenu. Mzalwana uSullivan, side sihlangane, mzalwana wam.

